# IZIQULATHO


1. Intshayelelo evela kumPhathiswa weMfundo esiSiseko . . . 3
2. Umyalezo ovela kwiKomiti eSungulayo yeSizwe ye-QLTC . . . 5
3. *Ikhowudi yeMfundo eseMgangathweni . . . 6*
4. Izithembiso ezenziwe ngabaDlali Ndima enguNdoqo kwezeMfundo . . . 6
5. IPhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni . . . 9
   (i) Kutheni kufuneka sisebenzeni . . .
   (ii) IMishini ye-QLTC . . . 9
   (iii) ImiThetho-siseko enguNdoqo ye-QLTC . . . 10
   (iv) IiNjongo zeSicwangciso se-QLTC . . . 10
   (v) IiNqobo eziseMgangathweni ze-QLTC . . . 10
   (vi) Imiba eyazisa iinjongo zesicwangciso noyilo lokusebenza lwe- QLTC . . . 11
   (vii) IsiCwangciso sokuPhumeza iMiba enguNdoqo ekufuneka inikezwe . . . 12
   (viii) IziKhombisi zeSicwangciso ukuze kulinganiswe impumelelo yeeNkqubo . . . 13
6. **Iindlela esiziphumeza ngayo iinjongo zethu:** Ukusekwa kwamaQumrhu e-QLTC . . . 14
   (i) AmaQumrhu e-QLTC . . . 15
   (ii) Iindima noxanduva lwamaqumrhu e-QLTC: . . . 16
   - IKomiti eSungulayo ye-QLTC yeSizwe . . . 16
   - IQela eliLungelelanisayo leSizwe le-QLTC . . . 16
   - IiKomiti eziSungulayo ze-QLTC zamaphondo . . . 17
   - IiKomiti zamaQumrhu eSithili ze-QLTC / neeKomiti zeSekethe . . . 18
   - IiKomiti zeSikolo ze-QLTC SGB . . . 19
7. **Sizifumana njani iinjongo zethu:** Sizivisisa ezi Ngongoma . . . 20
8. **Indlela esiziphumeza ngayo iinjongo zethu:**UkuHlola nokuNika iNgxelo kuwo onke amanqanaba amaQumrhu e-QLTC . . . 24
   (i) Ukuhlola nokunika ingxelo kwe-QLTC ekwenzeni kuqhubele phambili kohlolo lweSizwe lonyaka kwanangxelo yeMatriki-NSC . . . 26
   (ii) Ukuhlola nokunika ingxelo ngokulungela iSikolo . . . 27
   - Kwinqanaba lephondo . . . 27
   - Kwinqanaba lesithili . . . 28
   - Kwinwanaba lesikolo . . . 29
   (iii) Ikomiti yesikolo ye-QLTC SGB ingahlola kwaye iyinike njani ingxelo kwimiceli mngeni? . . . 32
   (iv) Iinkqubo zokunika ingxelo . . . 34
9. **Indlela esiziphumeza ngayo iinjongo zethu: Ukunika iNkxaso nokuHlanganiswa koluNtu . . . 36**
   (i) Ukuhlanganisa kumanqanaba esizwe nakwawamaphondo . . . 37
   (ii) Imizekelo yeendlela iQumrhu leSithili okanye iSekethe . . . 39
   (iii) Imizekelo yeendlela ikomiti yesikolo ye-QLTC engahlanganisa ngayo abazali noluntu ukuze baxhase imfundo nemfundiso esemgangathweni . . . 40
   (iv) Yintoni engenziwa ngabazali ukunceda ekuphumezeni ukufunda okusemgangathweni . . . 42
   (v) Isikolo singaluxhasa njani uluntu? . . . 42
   (vi) Indlela esibabandakanya ngayo abazali kwimfundo yabantwana babo . . . 43
10. **Iindlela esiziphumeza ngayo iinjongo zethu: Amaphetshana aya kubazali . . . 44**
   - Ukuqonda iKharityhulam . . . 45
   - Uhlolo lwesizwe lonyaka . . . 47
   - Bhalisa umntwana wakho kwiBanga R . . . 49
   - Ukuba ngaba umntwana wakho ukumaBanga 4-6 . . . 51
   - Ukuba ngaba umntwana wakho ukumaBanga R-3 . . . 53
   - Iincwadi zokusebenzela. . . 55
11. **Isihlomelo A . . . 57**
   - Umzekelo we-Ajenda . . . 58
   - Umzekelo womzekeliso wokunika ingxelo . . . 59
12. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeqela lesizwe le-QTC nabalungelelanisi bamaphondo. . . 60

# INTSHAYELELO EVELA KUMPHATHISWA WEMFUNDO ESISISEKO

Kwintetho yeSizwe eyathiwa thaca kwindibano eDibeneyo yePalamente eKapa ngowe-03 Juni 2009, uMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika, uMnu JG Zuma, wakhankanya ukuba '…Imfundo iyakuba yeyona nto ingundoqo kule minyaka mihlanu izayo. Sifuna ukuba ootitshala bethu, abafundi, nabazali basebenze norhulumente wethu ukutshintsha izikolo zethu zibe ngamaziko azamela ukugqwesa…'

UMongameli waye wakhankanya ngokungaphaya ukuba *'… Siyaziphinda kwakhona izinto ezinyanzelekileyo. Ootitshala kufuneka ukuba babe semagumbini okufundela ngexesha, bafundise, bengawutyesheli umsebenzi wabo kwaye bangababaphathi gadalala abantwana! Abantwana kufuneka ukuba babe semagumbini ngexesha, bafunde, bahloniphe ootitshala babo nabanye abantwana, kwaye bawenze umsebenzi wabo wasekhaya …'*

NgoLwesihlanu, we-11 Agasti 2008, uRhulumente waye wazisa iphulo lempilo nemfundo kwi-Walter Sisulu Square e-Kliptown (indawo ekwazalelwa kuyo uMqulu weNkululeko ka-1955) Eli phulo livela ekuqondweni kwento yokuba impilo nemfundo kufuneka zibe ngundoqo wenkqubo karhulumente yotshintsho lwezentlalo kule minyaka mihlanu izayo.

Ngokuphathelene nemfundo, iphulo likaRhulumente limema bonke abantu nemibutho ukuba baqale ukuthathela kubo uxanduba lokuphucula umgangatho wemfundo. Imiba yephulo iya kuba yile:

- ukwazisa uluntu ngokubaluleka kwemfundo, neendima zabo, uxanduva nezibophelelo zabo ngokubhekisele kwimfundo;
- ukuhlanganisa uluntu ukuba luhlole kwaye luxhase izikolo, ootitshala nabafundi;
- ukuphucula umgangatho wemfundo kubo bonke abantwana, ingakumbi abo bahluphekayo;
- nokubonisa lomgangatho uphuculiweyo oko kusenziwa ngempumelelo engcono yabafundi.

Impumelelo yemfundo esemgangathweni kubo bonke ixhomekeke kwizenzo zamaLungu ePalamente, iSebe leMfundo esiSiseko, amalungu amaphondo, amabhunga ezigqeba, amagosa esebe, iinqununu zezikolo, ootitshala, abafundi, abazali, abalawuli bezikolo namalungu oluntu

KwiPhulo likaRhulumente lokwazisa impilo nemfundo bonke abameli abadlala indima ebalulekileyo kwezemfundo baye bazibophelela kwiKhowudi yeMfundo eseMgangathweni leyo bazibophelela kuyo namalungu abo ekwamkeleni uxanduva lokuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa ezikolweni zethu. Ngamnye kwaba badlali ndima uyamenywa ukuba enze isibophelelo kwi 'Khowudi yoMgangatho weMfundo', echaza uxanduva nentlonipho efunekayo kubo. Ukuba ngaba onke amacandelo oluntu asebenza – urhulumente, uluntu, amagosa ajongene nezempilo, abahlali, abecandelo lezoshishino namanye amacandelo – sinokuqinisekisa ukuba bonke abafundi bayaxhamla kwimfundo esemgangathweni. IKhowudi ingale ndlela ilandelayo:we

*Amandla okuphucula imfundo alele kuthi sonke. Simema onke amagosa esebe, ootitshala, abafundi, abazali namalungu oluntu ukuba benze imbophelelo kwi* ***'Khowudi yeMfundo eseMgangathweni'****.*

Le Khowudi iqhuba **iPhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni (Quality Learning and Teaching Campaign) (QLTC)**, nako okwaziswa ngo-2008. Ikwalatha ukuqalisa kwalo mbono ulandelayo wokuba singathanda ukuba sibe phi na ngo-2025. Ukuqinisekiswa kokuba umntu ngamnye omncinane waseMzantsi Afrika ufumana ukuya esikolweni okusemgangathweni yimfuno engxamisekileyo. Kwaye siyaqonda ukuba oku ngeke kuphunyezwe ngexesha elifutshane.

Amaqumrhu alungelelanisa iphulo ayamiselwa kwinqanaba lesizwe, lephondo, lommandla, lengingqi nelesikolo kwaye uRhulumente ngoku umema bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba bazimanye nathi kweli phulo, njengenxenye yomzamo oqhubayo wokuphumeza ubomi obungcono kumntu wonke

NgePhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni isebe namaqabane alo lijolise ekwenzeni imfundo ukuba ibe ngumba woluntu sisebenza, njengeekomiti zesikolo, izithili, amasebe esizwe nawamaphondo ngokunjalo nabanye ababalulekileyo ekusetyenziswana nabo, siyakuphumeza imbophelelo ezenziwe kwisivumelwano sokunikezela iinkonzo. Kubalulekile ukuhlanganisa nokukhusela isizwe xa sisonke ukuba sihlangane kunobangela wemfundo esemgangathweni yabo bonke.

Yiloo nto ke iPhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni limema bonke abantu nemibutho ukuba baqalise ukuthatha uxanduva lokuphucula umgangatho wemfundo. Le-QLTC ijolise ekuhlanganiseni onke amalungu oluntu, amakhulu namancinane kuMzantsi Afrika xa uwonke ukuba usive isimemo sikaMongameli. Amaqumrhu e-QLTC ayakusekwa kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo ukuze kuqinisekiswe ukuba bonke abo banendima abayidlalayo kwinkqubo bayabambelela kwizithembiso zabo abazithathileyo zokudlala indima uxanduva kangangoko benako. Kuphela kuxa umdlali ndima ngamnye- igosa, inqununu, utitshala nomfundi – edlala indima yakhe ngokuzinikela, inkuthazo nokuzibophelela siyawukwazi ukuphumeza ukugqwesa kwimfundo

Eli phulo lathwala iziqhamo ngokusayinwa kweSivumelwano se-NEDLAC ngoJulayi 2011 kwizaKhiwo zoMdibaniso (Union Buildings), ePitoli, ziinkokheli zemisebenzi eququzelelweyo, umanyano lwamashishini eMzantsi Afrika, amaziko oluntu onyulo akhoyo kwi-NEDLAC noMphathiswa wemfundo esisiseko egameni likaRhulumente. Undoqo wesivumelwano kukusebenza nezikolo ezichongiweyo ngohlobo ezinokuba zilandelelana ngalo, ngenkxaso eyalelweyo, ukuhlangabezana nemiceli mngeni ezijongene nayo.

I-QLTC yakhela kwintsebenziswano esele ikhona nabo kusetyenziswana nabo kwezoshishino nakwimibutho yoluntu .Yakha ulutsha ukuze iqinisekise ukuba akukho sikolo sishiywa singenalo uncedo esilufunayo. Inkqubo yoKwamkela iSikolo iyakudibanisa amaqabane ethu nezikololo ngazodwa ukuqnisekisa ukuba ziyaqala ukulandela indlela entsha yempucuko ethe ngcembe ngenkxaso yemibutho leyo ezibopheleleyo ekugqweseni kwimfundo. Lo ngumzuzu wembali kwimfundo kuba uphawula ukuqala kwexesha elitsha elo bonke abadlala indima kwimfundo, abo kusetyenziswana nabo namaqabane asekuhlaleni babophelela imibutho yabo ekuxhaseni amandla okuphumeza ukufindisa nokufunda okusemgangathweni eMzantsi Afrika

Ngeminqweno emihle

**NKS AM MOTSHEKGA, MP**

**UMPHATHSIWA WEMFUNDO ESISISEKO**

**UMHLA:**



The Minister of Basic Education, teaching Literacy to Grade 3 learners during her school visit to Winnie Ngwekazi Primary School, Soweto, July 2010

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# UMYALEZO OVELA KWIKOMITI ESUNGULAYO YE-QLTC YESIZWE

Kukho ukuqondwa okukhulayo kwisizwe kokuba urhulumente eyedwa ngeke akwazi ukuyilungisa yonke imiceli mngeni yenkqubo yemfundo. Ke ngoko kufuneka kuyilwe isithuba sokufaka amaqabane asekuhlaleni. UMongameli wenze isimemezelo sentsebenziswano ekuphuculeni kwenqubo yemfundo, konke oku kungaphunyezwa ngentsebenziswano.

Isehlo esingundoqo kweli thuba lokunika ingxelo ke ngoko mayibe kukusayinwa kwesivumelwano kwimfundo esisiseko. Oku kubalulekile kwicandelo lemfundo kuba kuphawula ukuqala kwexesha elitsha apho bonke abadlala indima kwezemfundo, abo kusetyenziswana nabo namaqabane asekuhlaleni babophelela imibutho yabo ukuba ixhase iphulo lokuphumeza ukufundisa nokufunda okusemgangathweni elizweni. Amaqela ayavuma ukusebenzisana nokutshintsha ingqondo phakathi kootitshala, abafundi nabazali ukuze kwakhiwe ezo ngxenye zingasebenziyo zenkqubo yemfundo esisiseko. Kuqinisekiswe ukunikezelwa kwabafundi imfundo esemgangathweni,ingakumbi kwezo zikolo zingasebenzi kakuhle.

Undoqo we-QLTC kukuzibophelela kwabantwana baseMzantsi Afrika. Umntwana ngamnye ufanelwe yimfundo esemgangathweni. Kuxhomekeke kuthi sonke ukuqinisekisa ukuba ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kuyenzeka kuzo zonke izikolo zethu ukuze ukusebenza komfundi okuphuculiweyo nempumelelo kuba yinto yokwenene.

Ukwenza oku ukuba kube yinto yokwenene, ikomiti esungulayo ye-QLTC yeSizwe ibhale le ncwadana njengesikhokelo kubo bonke abo badlala indima kwezemfundo nabo kusetyenziswana nabo ukuze kuqinisekiswe ukuba siyaziphumeza iinjongo zethu. Esi sikhokelo siyakuqinisekisa ukuba imithetho-sisekelo ye-QLTC ihlanganiswa kumkhwa wemfundo nokufundisa ukuze inyathelo elibalulekileyo lingabonwa njengento yokwengeza kodwa engundoqo kumsebenzi wakhe nabani na obandakanyekayo kwimfundo.

Ikomiti esungulayo ijolise ekuqiniskiseni ukuba amaqumrhu e-QLTC ayasekwa kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo ukusuka kwisizwe ukuya kumaphondo, kwisithili ukuya kwisekethe, ukuba kukho imfuneko, ingakumbi kwinqanaba lezikolo. Iqumrhu ngalinye le-QLTC kufuneka lizamele ukuba neempembelelo elizenzayo ekufundeni nasekufundiseni nokuqinisekisa ukuba ezo zinto zinyanzelekileyo kwimfundo ziyaphunyezwa. Ikwangumsebenzi wabo owokuhlanganisa bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba bahlangane basabele isimemo sokufunda nokufundisa okusemgangathweni.




**Provincial advocacy around code for quality education**

# UKUZIBOPHELELA KWIMFUNDO KARHULUMENTE ESEMGANGATHWENI

## IKHOWUDI YEMFUNDO ESEMGANGATHWENI

Ekwazisweni kwephulo likaRhulumente kwezempilo nemfundo e-Kliptown ngo-2008, abameli abo badlala indima ebabalulekileyo kwimfundo baye bazibophelela kwiKhowudi yeMfundo eseMgangathweni eyabophelela namalungu abo ekubeni bamkele uxanduva lokuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa ezikolweni zethu. Ngamnye kwabo badlala indima uyamenywa ukuba enze isibophelelo kwi-'Khowudi yeMfundo eseMgangathweni', echaza uxanduva nentlonipho efunekayo kubo. Ukuba ngaba onke amacandelo oluntu asebenza - urhulumente, uluntu, amagosa ajongene nezempilo, abezoshishino namanye amacandelo – singaqinisekisa ukuba bonke abafundi bayaxhamla kwimfundo esemgangathweni. IKhowudi ingale ndlela ilandelayo:

*Amandla okuphucula imfundo alele kuthi sonke. Simema onke amagosa esebe, ootitshala, abafundi, abazali namalungu oluntu ukuba benze imbophelelo kwi '**Khowudi yeMfundo eseMgangathweni'***

## IZITHEMBISO EZENZIWE NGABO BONKE ABO KUKHO INDIMA ABAYIDLALAYO BANGUNDOQO KWEZEMFUNDO

***Isicatshulwa esithathwe kwiziThembiso zase-Kliptown***

**NJENGEGOSA LESEBE**, ndithembisa uku:

- qinisekisa ukuba zonke izikolo zifumana izibonelelo eziyimfuneko kwangexesha ukuze kuqale ukufundisa;
- qinisekisa ukuba izikolo zinolwabiwo lwazo lwesitafu olupheleleyo, kwaye izithuba zigcwaliswa ngaphandle kokulibazisa;
- phucula isiseko solwazi nezakhono ukuba zisebenze ngokungaphaya;
- soloko ndifumaneka ukuze ndincedise izikolo, iinqununu nootitshala;
- phendula kwizicelo nokuthatha abo kusetyenziswana nabo kwezemfundo;
- tyelela zonke izikolo ezikwisithili rhoqo;
- hlola ukuza esikolweni kootitshala nabafundi, nokuqinisekisa ukuba akukho mntwana ungekhoyo esikolweni;
- ukunceda zonke izikolo ziphucule ukusebenza kwazo, ukuqinisekisa ukuba uvavanyo luyaqhutywa rhoqo, kunikwa nengxelo yeziphumo kubazali.

**NJENGELUNGU ELILAWULAYO ESIKOLWENI:** Ndithembisa uku:

- phakamisa okona kungcono kulungele isikolo, ndizamele ukuqinisekisa ukukhula nokwanda kwaso;
- zamela ukuqinisekisa ulungiselelo lwemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi esikolweni;
- thatha onke amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba abo kusetyenziswana nabo esikolweni bayabandakanyeka kwimisebenzi yesikolo;
- thatha onke amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba imali nezixhobo zokusebenza (asethi) zesikolo zilawulwa ngokufanelekileyo;
- xhasa inqununu, ootitshala nabanye abasebenzi basesikolweni ekwenzeni imisebenzi yabo yobugcisa;
- ziphatha ngokungqinelana nesibophelelo esibekwe kum ndibe kwisimo sokuthembeka ngokubhekisele esikolweni nabo bangabaphathi bam;
- ndenze okusemdleni wesikolo maxa onke.

**NJENGENQUNUNU**, ndiyathembisa ukuyithobela yonke imiba yekhowudi ye-SACE yeenqubo zokuziphatha ngobuchule noku:

- phakamisa ukuphuhla kokuthembeka nentlonipho kumsebenzi lo ngokuzalisekisa iindima zam zolawulo nobunkokheli kangangoko ndinako;
- fika ngexesha, ndilungile kwaye ndinodlamko malunga neendima zam njengenkokheli enobugcisa kumsebenzi wayo;
- zamela ukuba ngumfundi wexesha elide;
- khuthaza nokuxhasa abasebenzi bam kwiinzame zabo zokuphuhlisa ubugcisa babo emsebenzini;
- sebenza ngenkuthalo ukuncothula neengcambu ukuziphatha okungafanelekanga njengobudlelwane bukatitshala nomntwana obungafanelekanga nokunxila;
- qinisekisa ukuba zonke iisetyhula ezibalulekileyo, amaxwebhu nolwazi kwabelwana ngazo ngoko nangoko nabo babandakanyekayo;
- thatha amanyathelo afunekayo ukuqinisekisa ukuba i-PED/iSithili siyalufumana lonke ulwazi oludingekayo lokuziswa kwangexesha kwezixhobo zokufunda nokufundisa;
- qinisekisa ukuba i-PED/ iSithili sifumana lonke ulwazi oluyimfuneko ukuze lququzelele ukugcwaliswa kwezithuba ezingenabantu;
- hlola ukuza esikolweni kootitshala;
- hlola ukuza esikolweni kwabafundi nokuzamela ukuqinisekisa ukuba akukho mntwana ungaziyo esikolweni kungekho mfuneko;
- nika ulwazi rhoqo kubazali ngenkqubela yabantwana babo;
- qinisekisa ukuba i-QLTC esikolweni sam iyaphunyezwa ngokona kusemandleni am nokuqinisekisa ukuba ukubaluleka kwephulo kuyaqondwa ngabo bonke abo kukho indima abayidlalayo ingakumbi ngabazali noluntu lwengingqi;
- xhasa i-SGB ekwenzeni umsebenzi wayo.

**NJENGOMFUNDI,** ndithembisa u:

- kwamkela isizathu esingundoqo sokuba ndibe sesikolweni kukufunda nokuphuhla ngokwemfundo, ngentlalo nangenkcubeko;
- kubambelela kwimithetho yesikolo;
- kuhlonipha umthetho negunya lootitshala;
- kuthabatha inxaxheba kumaBhunga aMele abaFundi (Learner Representative Councils) (LRCs) ukugada okusemdleni wam;
- bonisa intlonipho kwabanye abafundi kwaye ndingacaluli;
- phepha ukuziphatha okuchasene nasekuhlaleni okufana nobusela, ukonakalisa impahla, ukubetha, ukudlakathisa ngokwesondo, ukusebenzisa utywala neziyobisi, neminye imisebenzi ephazamisa inkqubo yokufunda.

**NJENGOTITSHALA,** ngokungqinelana neKhowudi ye-SACE yeenqubo zokuziphatha ngobuchule, ndithembisa uku:

- fundisa, ndiqhubele phambili imfundo nophuhliso lwabafundi;
- hlonipha isidima namalungelo abo bonke abantu ngaphandle kokuqala ndigwebe;
- phuhlisa ukuthembeka nentlonipho kumsebenzi lo;
- fika ngexesha, udlamko, ukuzilungiselela kakuhle izifundo, ingqondo nomzimba osemgangathweni;
- kuphucula esam isiseko solwazi nezakhono ukuze zisebenze nangakumbi;
- ukugcina unxibelelwano olululo phakathi kootitshala nabafundi, phakathi kootitshala ngokwabo, naphakathi kootitshala nabazali;
- ukunika abazali ulwazi rhoqo ngenkqubela yabantwana babo;
- ukuphelisa ukuziphatha kakubi okufana nobudlelwane obuphakathi kootitshala nabantwana, ukunxila, ukusetyenziswa kweziyobisi, ukubetha, udlakathiso lwezesondo no;
- ukwenza ukuba ndifumaneke ukuze ndenzise ezemidlalo no okunxulumene nako.

**NJENGOMZALI,** ndithembisa uku:

- zibandakanya ngokukhutheleyo kwimisebenzi yesikolo, kuquka amacandelo olawulo lwesikolo;
- ba neengxoxo rhoqo nabantwana bam malunga nemicimbi yesikolo jikelele;
- kwakha ubudlelwane obunempilo, obungafihliyo nobunetsebenziswano nootitshala babantwana bam;
- dala imo engqongileyo yasekhaya ekuvumelayo ukufunda;
- nceda ekukhuselweni kwezixhobo zokufunda ezifana neencwadi zezikhokelo, izitulo, iitafile no;
- faka isandla, ngokusemandleni am, ngezixhobo eziyimfuneko ekufundeni kwabantwana bam.

**NJENGOLUNTU,** sithembisa uku:

- qinisekisa ukuba umntwana ngamnye ohamba isikolo usesikolweni;
- qinisekisa imo engqongileyo ekhuselekileyo nengenalo ulwaphulo-mthetho ekufundeni, nokukhusela isikolo nezixhobo zaso ekonakalisweni;
- ukuhlola ukusebenza kwezikolo, nokuxela iingxaki koogunyaziwe ababandakanyekayo.

# IPHULO LOKUFUNDA NOKUFUNDISA OKUSEMGANGATHWENI (QLTC)

I-QLTC ijolise ekuhlanganiseni isizwe xa sisonke kuxhaswa imfundo esemgangathweni. Ukuze kuphunyezwe oku, kufuneka kusekwe amaqumrhu alungelelanisayo kumanqanaba esizwe, iphondo, isithili (isekethe) nawezikolo. Iqumrhu ngalinye le- QLTC, ezo ziikomiti zesikolo, zezithili, zamaphondo nezesizwe, kufuneka zihlole ukubambelela kwabadlali ndima abohlukeneyo kwizithembiso zabo ukuncedisa ekuphuculweni komgangatho wokufunda nokufundisa

Ukusabela kuwo onke la manyathelo nembophelelo ezenziwa nguRhulumente noMongameli, iSebe leMfundo esiSiseko lidibene namaqabane asekuhlaleni lazisa iPhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni (Quality Learning and Teaching Campaign) (QLTC). I-QLTC izamela ukuba ikwenze kube ngokwenene ukunikezelwa kwemfunda nemfundiswa esemgangathweni ngomzamo ohlanganyelwe phakathi kwesebe lemfundo esisiseko, iimanyano zootitshala, amaqumrhu alawula isikolo, abazali, abafundi, iinkokheli zemveli, amashishini, uluntu, i-ELRC, SACE namanye amaqela anomdla ngaphakathi nangaphandle kwecandelo lemfundo

Ngalinye kula maqela lizibophelele kwiphulo ngokuthembisa kuwonke-wonke ukugcina nokuzibophelela kwizithembiso zabo ezibandakanyekayo nangamaqumrhu e-QLTC ukwenza ukuba izithembiso zawo ziphicothwe kwaye zixhaswe. I-QLTC icinga ngesimo eso onke amaqumrhu aqukwayo e-QLTC ayakusekwa ukuze ahlole phakathi kwezinye izinto ukunyanzelwa kwezo zinto zinyanzelekileyo, izithembsio nezinye iinkqubo zeSebe

Yiloo nto ke iphulo lokuFunda nokuFundisa limema abantu abangabodwa nemibutho ukuba baqalise ukuthatha uxanduva lokuphucula umgangatho wemfundo

**Isimo esikhoyo ngoku kwizikolo ezininzi siquka oku kulandelayo:**

- Ukufunda okulambathayo kwabafundi kwizikolo ezininzi;
- Izinga eliphezulu lokungabikho esikolweni nokufika emva kwexesha phakathi kootitshala abaninzi, amagosa esebe nabafundi;
- Umoya nokuzibophelela okuphantsi kootitshala namagosa esebe amaninzi;
- Ukungabikho kwencwadi zezikhokelo nezakhiwo nezibonelelo ezilambathayo kwizikolo ezininzi;
- Ukunganiki ingqalelo nokungananzi ootitshala abagqwesileyo, izikolo ezinempumelelo nabantu ekusetyenziswana nabo abafaka isandla kakuhle kwezemfundo;
- Nolibaziso lokusombulula iimbambano zezemisebenzi nemicimbi yoluleko, eye yaba neziphumo ezibi ekufundeni nasekufundiseni
- Ingxaki yabanye abafundi abanemiqobo yokufunda kwizikolo ze-ELSEN

## IMishini ye-QLTC

Ukukhuthaza ukuthotyelwa kwezo zinto zinyanzelekileyo kuzo zonke izikolo zikarhulumente zaseMzantsi Afrika egameni leSebe leMfundo esiSiseko, iiManyano (SADTU, NAPTOSA ,SAOU,PEU ne-NATU), onke amaqabane asekuhlaleni nabanye abadlala indima kwezemfundo, ngaloo ndlela kufakwa isandla ekuphucula ukunikezelwa kweenkonzo, ukupheliswa kobuhlwempu nokuphuhliswa kokuphila ngokwasekuhlaleni kwabantwana boMzantsi Afrika.

## UMbono we-QLTC

Intsebenziswano phakathi kwesebe lezemfundo, iimanyano, abadlala indima kwisebe lezemfundo kwanabo kusetyenziswana nabo kwezemfundo basisixhobo esijolise ukuphakamisa nokukhusela umkhwa wokufunda nokufundisa ngokumilisela ikhowudi yemfundo esemgangathweni phakathi kwabo bonke abo badlala indima, ukuze kuphunyezwe ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kubo bonke.

## IMithetho-siseko ebalulekileyo

- I-QLTC ijolise ekwakheni intsebenziswano phakathi kwabo bonke ekusetyenziswana nabo, ingakumbi phakathi kwe-DBE notitshala, iimanyano, abazali nezikolo;
- ISebe lizibophelele ekuxhaseni ootitshala, lenze ukuba amagosa alo azibophelele ukuqinisekisa ukuba izixhobo eziyimfuneko zinikelwa kwangethuba, nokuba izithuba zigcwaliswa ngokukhawuleza;
- Zonke iimanyano zootitshala zibophelele amalungu azo ukuba afike ngethuba, egumbini, elungele ukufundisa;
- Onke amaqabane azibophelele ekudaleni iimeko apho bonke abadlala indima babonisa ukuzinikezela ekusebenzeni ngesakhono;
- Onke amaqabane azibophelele ekuphakamiseni nasekuphuhliseni umkhwa wokufunda, ukufundisa nentlonipho kuzo zonke izikolo;
- Onke amaqabane azibophelele ekubeni kufunyanwe inkonzo esemgangathweni kuwo onke amanqanaba;
- Bonke abadlala indima bazibophelele ekuthobeleni imisebenzi noxanduva olulolwabo; kwaye
- Bonke abadlali bendima bazibophelele ekusekeni zonke izikolo njengamaziko okugqwesa.
- Ukusekela kwintsebenziswano eluqilima nokuqinisekisa ukuphumeza kwabo okunempumelelo ne-NEDLAC.

## Iinjongo ezi-4 ezingundoqo

- Ukulawula nokulungiselela ukusekwa kwamaqumrhu e-QLTC kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo ukuze kuphunyezwe izinto ezinyanzelekileyo ezinxulumene nemfundo kuzo zonke izikolo zethu;
- Ukuqinisekisa ukuba ezo zinto zinyanzelekileyo ziyaphunyezwa ukuze kuqinisekiswe ukunikezelwa nwemfundo nemfundiso esemgangathweni kwilizwe xa lilonke;
- Ukuhlanganisa uluntu nokudala ukuqondwa kwiindima namaxanduva abo bonke abemi ngokokubaluleka komgangatho wemfundo;
- Ukuhlola nokuxhasa ukuphunyezwa kwe-QLTC nokunikezela kwemfundo esemgangathweni kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

## IiNqobo eziseMgangathweni ze-QLTC

- **Imfezeko** sisiseko se-QLTC, ukuze bonke abantu baphathwe ngokufanelekileyo nabadlala indima kwezemfundo basebenze ngokweenkqubo-sikhokelo nemigaqo-nkqubo yomthetho.
- **Ubugcisa bomsebenzi** ngundoqo kwimpumelelo yokuphumeza imishini yethu. Buthetha ukuzibophelela kwiKhowudi yeMfundo eseMgangathweni nokuqhuba iimfanelo zomntu ngamnye nemisebenzi ngeyona ndlela igqwesileyo yokuphumeza iinjongo zemfundo;
- **Intlonipho** sisiseko sokusebenza kwethu kwa nabo sisebenzisana nabo, abafundi, amalungu esigqeba esikolo, uluntu, iinkokheli zemveli nabanye. Ithetha ukuba novelo nokusabela kumalungelo abantu abangabodwa.
- **Intsebenziswano** sisiseko sokuhlangabezana nomceli mngeni yexa elizayo. Ithetha ukwakha umanyano lwentsebenziswano ngokubhekisele kwinjongo efanayo




## Imiba eyazisa iinjongo zesicwangciso noyilo lokusebenza lwe-QLTC

- Ukuqinisekisa ukuba ezo zinto zinyanzelekileyo ziyaphunyezwa ngokunikezwa kokufunda nokufundisa okusemgangathweni kwilizwe lonke;
- Ukuqinisekisa ukuba inkxaso yemithetho-siseko esekayo ye-QLTC igqithiselwa kumagosa eSebe, ooTitshala, abaFundi, abaZali, amaCandelo oluNtu nakuwo onke amalungu oluntu;
- Ukuhlanganisa bonke ekusetyenziswana nabo kuwo onke amanqanaba ngaphakathi nangaphandle kwimfundo ukuze kufakwe isandla kwiinjongo zezinto ezinyanzelekileyo nemithetho-siseko ye-QLTC
- Ukuqinisekisa ukuba amaqumrhu esizwe nawephondo e--QLTC athatha uxanduva olupheleleyo lokuhlola nokuxhasa ukuqaliswa nozinzo lweenkqubo ze-QLTC,
- Ukufaka isandla ekungazini esikolweni okuphezulu okuqhubayo nokufika emva kwexesha phakathi kwamagosa, ootitshala nabafundi;
- Ukufaka isandla, ngokuhlanganyelana ne-ELRC, ngokubhekisele ekudaleni uxolo lwezemisebenzi phakathi kwamaqela kwi-ELRC
- Ukucela bonke abo kusetyenziswana nabo ukuba bagcine baqonde iingxowa zokugqwesa nokusebenza kakuhle, okanye igalelo elihle, elibhekisele kwimfundo, imizekelo ootitshala, iinqununu, amashishini, abantu abangabodwa, ii-NGOs, njalo njalo
- Ukwenza ukuba kusebenze uluntu, iinkampani, imibutho namalungu oluntu ukuzamkela zombini ezo zikolo zingasebenzi kakuhle nezo zinempumelelo
- Ukuqinisekisa ukusekwa nokuxhotyiswa kwawo onke amaqumrhu aqukayo e-QLTC kuwo onke amanqanaba, njengamaPhondo, iziThili neziKolo

## ISicwangciso sokuPhumeza uNikezo olunguNdoqo

Oku kunikezela kulandelayo ngundoqo ukuphumeza ngempumelelo kwezo zinto zinyanzelekileyo nokuvala isikhewu phakathi kwesimo esikhoyo nesimo esinqwenelelwa ixesha elizayo nokuphembelela kakuhle unikezela kokufunda nemfundiso esemgangathweni ezikolweni oko kusenziwa ngo:-

- Kusekwa nokuxhotyiswa kwamaqumrhu e-QLTC
- Kwamkelwa kwezo zikolo zingasebenzi kakuhle kwa nezo zisebenza ngokugqwesileyo
- Kuqondwa kokugqwesa nokusebenza ngokugqwesileyo
- Kupheliswa kokungazi esikolweni nokufika emva kwexesha kwamagosa esebe, ootitshala nabafundi
- Kudala uxolo kwezemisebenzi neenkqubo ezikhawulezayo kwimicimbi yoluleko
- Kuqeshwa nokwabiwa kwangethuba kootitshala ezikolweni
- Kuphuculwa kwesondlo sesikolo
- Kunikwa kwezixhobo zokusebenza ezifanelekileyo kutitshala nomntwana wesikolo
- Kuphuculwa kweenkonzo zokuthutha abafundi
- Kuphuculwa kwezakhiwo ezisisiseko zesikolo
- Kuphuculwa kokusebenza xa kukonke kwamasebe, izithili, nezikolo
- Lawulo olwaneleyo lwezimali
- Lawulo lomngcipheko nokhuselo nokhuseleko
- Kuphelisa ubuqhetseba norhwaphilizo
- Kuphuculwa kwamandla okulawula ikharityhulam
- Kuphuculwa nokusabela kwiinkonzo ezingxamisekileyo eziphazamisa izikolo efana neentlekele zendalo, iingozi, umlilo wamadlelo njalo njalo.




USekela Mphathiswa, uMnu Enver Surty, efundisa iklasi kwiSikolo samaBanga aPhantsi iSegonyane kumNtla Koloni, Agasti 2011

# IziKhombisi Sicwangciso zokulinganisa impumelelo yeNkqubo

- Ukufunda nokufundisa okuphuculiweyo ezikolweni
- Umgaqo-nkqubo wokuhamba isikolo uyaphunyezwa
- Kwehle izinga lokungahambi isikolo nokufika emva kwexesha
- Ootitshala bachithe ixesha elaneleyo kumagumbi befundisa baxhithe neeyure ezisi-7 bekumasango esikolo
- Ukulungiselela ngokwaneleyo nokuziswa kweencwadi nesikhokelo
- Ukufumana ukungqinelana phakathi kokuziphatha kootitshala nokuthathelwa kwabo ingqalelo
- Ukuphucula amanqanaba afunyanwa ngabafundi kwezo zikolo zamkelweyo bezingasebenzi kakuhle
- Ubumbano kwintsebenziswano nabo kusetyenziswana nabo
- Ukuphuhlisa umkhwa wokufunda, ukufundisa nentlonipho ezikolweni
- Ukufunyanwa kwenkonzo esemgangathweni kuwo onke amanqanaba
- Bonke abadlala indima bathobele imisebenzi noxanduva lwabo
- Ukusekwa kwazo zonke izikolo njengamaziko okugqwesa



# AMAQUMRHU E-QLTC

## Uxanduva

Uxanduva lwezopolitiko lwe-QLTC iya kuba loloMphathiswa wePhondo okanye (MEC) ngokohlukana kwabo. Uxanduva lokuphunyezwa nolawulo lwe-QLTC iyakuba leloMlawuli-Jikelele (Director General)(DG) neeNtloko zamaphondo (Heads of Department)(HoD).

## Uxanduva lokuphumeza nokulawula komlawuli jikelele (DG/HOD) kufuneka luquke kodwa kungamiselwa umda koku kulandelayo:

a. Ukusekwa kwamaqumrhu e-QLTC aquka intsebenziswano kuwo onke amanqanaba esebe njengephondo, isithili nesikolo.

b. Ulungelelaniso nohlola kokuphunyezwa kwephulo kuwo onke amanqanaba.

c. Ukuhlolwa kokubambelela kwabo kusetyenziswana nabo kwizithembiso ze-QLTC.

## IKomiti esungulayo yesizwe (National QLTC Steering Committee) (NSC)

Iintlanganiso zekomiti esungulayo yesizwe ye-QLTC kufuneka zichotshelwe nguMphathiswa/sekela Mphathsiwa okanye uMlawuli-Jikelele kuphela kwaye kufuneka zidibane okungenani kanye ngekota

I-NSC inamagosa aphezulu esebe lemfundo esisiseko, iintloko zazo zonke iimanyano zootitshala, iintloko zamasebe emfundo amaphondo, abameli bamaqumrhu emibutho elawulayo, umbutho weenkokheli zemveli woMzantsi Afrika (Congress of Traditional Leaders of South Africa,) (CONTRALESA), ibhunga labafundisayo loMzantsi Afrika (South African Council for Educators) (SACE), ibhunga lonxulumano lwemisebenzi yemfundo (Education Labour Relations Council) (ELRC) nombutho wabafundi woMzantsi Afrika (Congress of South African Students) (COSAS).

## IQela lolungelelwaniso lomgangatho leSizwe le-QLTC (QCT)

IQela lolungelelwaniso lomgangatho lwe-QLTC (QCT) linomphathi weprojekithi nommeli wemanyano yootishala abasiwe kwisebe lemfundo esisiseko ukuba basebenze ngokuphunyezwa nokusetyenziswa kweenkqubo ze-QLTC kwilizwe lonke.

- I-QCT iqulunqa ingxelo yekomiti esungulayo yesizwe ye-QLTC iingxelo
- I-QCT iphendula ngokukhawuleza kwizikhalazo ezivela kuluntu jikelele kwimiba elibazisa unikezo lokufunda nokufundisa okusemgangathweni;
- Iinkqubo neentlanganiso zeengxoxo ziqhutywa yi-QCT ixhasa iphulo
- IQela eliLungelelanisa uMgangatho (Quality Coordinating Team) (QCT) kufunwa ukuba lihlole uthobelo oluvela kumaqela kwezo zinto zinyanzelekileyo




Intlanganiso yeQela eliLungelelansiayo yeSizwe ye-QLTC kunye nabaLungelelanisi bamaPhondo be-QLTC, ePitoli, Novemba 2011

## IiKomiti eziSungulayo zamaPhondo ze - QLTC (Provincial QLTC Steering Committees) (PQLTCSC)

Uxanduva lwe-QLTC kwiphondo lulele kwi-Ofisi yomphathiswa wePhondo (MEC).

Uxanduva lokuphunyezwa nokulawulwa kwe-QLTC iyakuba lolo lweeNtloko zamaSebe (Heads of Department) (HODs) kwiphondo ngalinye. uxanduva lokuphumeza nokulawula i-HOD kufuneka aquke angamiselwa umda koku kulandelayo:

a. Ukusekwa kwamaqumrhu e-QLTC aquka intsebenziswano kuwo onke amanqanaba esebe lephondo, ingakumbi ezikolweni

b. Ukuhlolwa kokubambelela kwabo kusetyenziswana nabo kwizithembiso ze-QLTC

c. Ukulungelelanisa nokuhlola ukuphunyezwa kwephulo kuwo onke amanqanaba kwiphondo.

Iphondo ngalinye liyakuseka ikomiti esungulayo yePhondo ye-QLTC.Amaqumrhu ephondo kufuneka athathele ingqalelo ukubaluleka kobulungisa, ukumelo nobunye bephondo ngalinye. Umthetho-siseko wokumela ngokubanzi kufuneka unxulumane kodwa mawungqinisiswe ngokubhekisele kokungafani nokuzinza kwekomiti.Intlanganiso zeKomiti esungulayo yePhondo ye-QLTC kufuneka zichotshelwe yi-MEC okanye i-HOD kuphela

Njengoko i-QLTC izamela ukwenza ukuba imfundo iba ngumcimbi woluntu, okanye amanqanaba amaqumrhu e-QLTC kufuneka aquke kangangoko. Ngokuxhomekeke kutshintsho kwiphondo, isithili nesikolo esibandakanyekayo, amaqumrhu e-QLTC anokuquka, kodwa kungamiselanga, koku kulandelayo:

- Abameli belungu lesigqeba lesikolo
- Abameli beManyano yooTitshala
- Abameli bemibutho yabaFundi (RCL)
- Imibutho yenkolo
- Iinkokheli zemveli
- Imibutho yoluntu
- Abantu okanye imibutho ekwezoshishino

## IKomiti esungulayo yePhondo ye-QLTC iya kuba noku kulandelayo:

- intloko yesebe eyakubiza iae ichophele iintlanganiso,
- umLungelelanisi wePhondo we-QLTC,
- Abameli besithili,
- Iinkokheli zePhondo zemanyano nganye ukuba zinabo ubulungu kwiphondo,
- ummeli wequmrhu ngalinye lombutho olawulayo,
- ummeli wabazali,iinkokheli zengingqi, iinkokheli zemveli, amacandelo oluntu amele uluntu kwiphondo, namacandelo abafundi.

## IiNdima noXanduva.

I-PQLTCSC inoxanduva loku kulandelayo:

- ukuqinisekisa inkqubo ye-QLTC kwiPhondo;
- ukuzinisekisa ukusekwa kwamaqumrhu e-QLTC kumanqanaba esithili nawesikolo;
- ukuhlola ukuphunyezwa kwephulo le-QLTC kuwo onke amanqanaba ephondo;
- ukuqulunqa iingxelo ngekota, ngamanqanaba okuthotyelwa zizikolo nezithili ngokuphathelene nokuphunyezwa kwephulo;
- ukudibana nesebe lemfundo lePhondo, izithili neziKolo;
- ukuqulunqa iingxelo nokwenza izindululo kuzo zombini ii-PDEs ngokunjalo nee-NQLTCSC ngokuphathelene nokufunyanisiweyo kwengxelo.

I-PQLTC kufuneka idibane okungenani kanye ngekota.

## IQumrhu leSithili le-QLTC (DQLTCF)

Amaqumrhu esithili kufuneka athathele ingqalelo ukubaluleka komelo olunobulungisa nobubodwa bephondo. Umthetho-siseko womelo ngokubanzi kufuneka unxulumane kodwa mawungqinisiswe ngokubhekisele kwisayizi nokuzinza kwekomiti I-DQLTCFSC kufuneka idibane okungenani kanye ngekota.

### IQumrhu leSithili le-QLTC liyakuba noku kulandelayo:

- nguMphathi weSithili oyakubiza kwaye achophele i-DQLTCF maxa onke ;
- umLungelelanisi weSithili we-QLTC;
- ummeli ngesikolo ngasinye okanye izikolo;
- iinkokheli zeemanyano zemanyano nganye ukuba ngaba zinabo ubulungu kwiSithili;
- ummeli ngeQumrhu loMbutho eliLawulwayo ngalinye;
- ummeli wabazali okanye iinkokheli zengingqi okanye iiNkosi okanye amacandelo oluntu amele uluntu kwiSithili;
- Nabameli bemibutho yabafundi /okanye ii-RCLs

### IiNdima namaXanduva e-DQLTCF

IQumrhu leSithili linoxanduva loku kulandelayo:

- ukudibana kuqala okungenani kanye ngenyanga kuthathelwa ingqalelo nokudibana kanye ngekota yakube inkqubo iphunyezwe ngempumelelo;
- ukulungelelanisa nokuhlola ukuphunyezwa kwephulo kuwo onke amanqanaba kwisithili: iSithili, amanqanaba eSekethe naweSikolo;
- ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwezo zinto zinyanzelekileyo nabo kukho indima abayidlalayo
- ukuqinisekisa ukusekwa kwamaqumrhu awohlukileyo e-QLTC kwiisekethe nasezikolweni;
- ukunika ingxelo, okungenani ngekota, ngokusebenza kwephulo kwisekethe nakwisikolo nakwinqanaba lePhondo leKomiti eSungulayo ye-QLTC;
- ukuqinisekisa ukuba kufunyanwa iingxelo kwisikolo ngasinye xa kumiselwe yi-PQLTCSC;
- Ukudibana ne-PDE, iziThili neziKolo ngemiba ephakanyiswe kwisekethe neengxelo zesikolo;
- nokuqulunqa nokwenza izindululo kuzo zombini ii-PDEs nekomiti ye-SQLTC SGB ngokuphathelene nokufunyaniswe ziingxelo.

## IKomiti yeSikolo ye-QLTC SGB (SQLTCSGBC)

Eli qumrhu kufuneka libonwe njengelona qumrhu libalulekileyo le-QLTC kuba libandakanya ootitshala, abazali, amagosa esebe noluntu ngqo. Sesona sithuthi sibalulekileyo sokuphumeza injongo yemfundo esemgangathweni yabo bonke ngokwenza nokuhlanganisa onke amalungu oluntu aqonde imfundo.

### Ukwakhiwa kwe-SQLTCSGBC

I-SQLTCSGBC iya kuba nguMbutho oLawula iSikolo kwaye kufuneka ibe naba balandelayo:

- ilungu le-SGB eliyakuchophela ikomiti enganeno;
- iNqununu;
- umelo olufanelekileyo lootitshala (njengokuba ibenye evela kwimanyano nganye emelweyo kubasebenzi);
- umzali okanye imibutho esekelwe ekuhlaleni okanye kwinkolo xa kufanelekile;
- ummeli we-RCL kwizikolo zesekondari;
- nommeli wesithili okanye wesekethe (apho kwenzekayo).

### IiNdima namaXanduva

Iindima namaxanduva e-SQLTC SGB angale ndlela ilandelayov:

Njengekomiti ye-SGB ye-SGB, kubalilekile ukuba ikomiti ye-SGB inike ingxelo rhoqo kwi-SGB ngezinto ezifumanisileyo, amanyathelo acetywayo nofikelelo kuluntu ukuphepha ukuphindwa kwemisebenzi. Kukho imiba emibini engundoqo kwiindima namaxanduva ekomiti ye-SQLTC SGB Yile:

- Ukuhlola ukuthotyelwa kwezo zinto zinyanzelekileyo esikolweni
- Ukunika ingxelo ngemiceli mngeni namanyathelo acetywayo ukuba azakuthathwa esikolweni nakuluntu kwi- SGB nakwiqumrhu lesithili le-QLTC;
- Nokuhlanganisa isikolo noluntu ngokubanzi kuxhaswa iphulo le-QLT ukuze kuphunyezwe imfundo esemgangathweni yabo bonke.

### Ngokuthe gabalala oku kuthetha ukuba ikomiti ye-QLTC SGB kufuneka

- iqinisekise ukuba bonke abo banendima abayidlalayo baxhasa izithembiso zabo esikolweni nokuba isikolo sihlangabezana nezibophelelo nezinto ezibalulekileyo kwi-QLT;
- iqinisekise ukuba bonke abo kukho indima abayidlalayo esikolweni – kuqukwa inqununu nabasebenzi abafundisayo nabakulawulo, abafundi, abazali namalungu oluntu- bayakuqonda ukubaluleka kwesikowupu sephulo le-QLTC kwaye bathabatha inxaxheba ngokupheleleyo kumaqumrhu ekomiti ye-SQLTC SGB;
- ukuhlola nokunika ingxelo ngemiceli mngeni nempumelelo yephulo le-QLTC nokusebenza kwalo ekuhlanganiseni bonke abo kukho indima abayidlalayo ezikolweni ukuba bahlangabezane nezibophelelo zephulo le-QLT nezo zinto zinyanzelekileyo;
- • ukuqinisekisa ukuba kukho inkxaso eyoneleyo enikwa iphulo oko kusenziwa ngokunxibelelana nabazali noluntu;
- nokungenisa iingxelo zarhoqo njengoko kufunwa kwi-DQLTCF ngokusebenza kwephulo kwinqanaba lesikolo (Jonga iSihlomelo A, kumaPhepha 58 - 59 , ngemizekelo yemizekeliso yee-ajenda nokuhlola);

# UKUQONDA OKO KUNYANZELEKILEYO

Injongo engundoqo ye-QLTC kukulawula kunye nokulungelelanisa ukusekwa kwamaqumrhu e-QLTC kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo ukuze kuphunyenzwe ezo zinto zinyanzelekileyo zinxulumene nemfundo kuzo zonke izikolo zethu

## Izixhobo zokuhlola zekomiti ye-QLTC SGB

I-QLTC ifuna ukuba bonke ootitshala kunye namagosa bathobele ezo zinto zinyanzelekileyo kumzamo wokunika imfundo esemgangathweni kubo bonke nemiba ekufuneka ihlolwe ibalulekile ngokuphathelene nephulo

Umsebenzi wekomiti yesikolo ye-QLTC:

- Ukuhlola nokunika ingxelo yokuba sisebenza njani isikolo kunye nokuqaqambisa nayiphi na imiceli mngeni kunye nempumelelo
- Ukudibana rhoqo ukuze kuxoxwe ngenkqubela phambili yesikolo
- Ukuhlanganisa uluntu kuxhaswa isikolo

Ikomiti yesikolo ye-QLTC kufuneka izibuze le mibuzo ibalulekileyo ilandelayo:

- Zithetha ntoni izinto ezinyanzelekileyo ngokuphathelene nesikolo sethu? Ingaba isikolo sethu siyasebenza?
- Yintoni esingayenza ukuqinisekisa ukuba soyisa nayiphi na imiceli mngeni ekuhlangabezaneni nezo zinto zinyanzelekileyo?
- Singalubandakanya njani uluntu ekuxhaseni iinzame zethu zokuphumeza ukufunda kunye?

nokufundisa okusemgangathweni? Kubalulekile ukuziveza iimpembelelo zezo zinto zinyanzelekileyo:

*Siyaziphinda kwakhona izinto zethu ezinyanzelekileyo. Ootitshala kufuneka babe seklasini yesikolo, ngexesha, befundisa, bengawutyesheli umsebenzi wabo kwaye bengaphathi abantwana gadalala! Abantwana kufuneka babe semagumbhini okufundela ngexesha, befunda, bahloniphe ootshala babo nabanye abantwana, benze umsebenzi wabo wasekhaya…'*

UMongameli Zuma, kwintetho yesizwe, 03 Juni 2009

UMongameli waphinde wagxininisa oo-T abaThathu abayimfuneko ukuze kuqhubeleke phambili ukufunda. Ezi zezi "teachers on time (iititshala zifika ngexesha), teaching with relevant textbooks (zifundisa ngeencwadi zezikhokelo ezizizo), given appropriate training and adherence to the non-negotiables (zinikwa uqeqesho olufanelekileyo kunye nokubambelela kwizinto ezinyanzelekileyo)".



Utyelelo lukaMongameli Jacob Zuma kwiSikolo samaBanga aPhantsi saseVulumzi, eMonti, Juni 2011

Esi sicwangciso silandelayo sikhombisa izinto ezinyanzelekileyo sinika nengcaciso enokwenziwaxa kuthe kwangahlangatyezwana nazo izinto ezinyanzelekileyo:

| Izinto ezinyanzelekileyo | ukukhombisa | Izizathu ezinokuba khona |
|---|---|---|
| *Ootitshala babesemagumbini wokufundisa, amagosa akwizikhululo nakwiindawo abasebenza kuzo* | *Ukungezi esikolweni rhoqo* | *Akukho nkuthazo/uxinzelelo*<br>*Ukuza kwiintlanganiso zeengxoxo okanye kwiintlanganiso ngexesha lesikolo*<br>*Ukugula okanye ukungaphili*<br>*Ukungabikho kokuvunywa okanye ukuqondwa kootitshala namagosa agqwesileyo* |
| *Ootitshala befundisa namagosa esebenza ngokwenkcazo yemisebenzi yawo* | *Ukuba segumbhini lokufundisa ngomzimba kodwa ungazimiselanga ukufundisa*<br>*Ukuba se-ofisini ngomzimba kodwa unganiki izixhobo nenkxaso efunekayo kwizithili nezikolo* | *Akukho nkuthazo*<br>*Alukho uyilo lwekharityhulam kwiPhondo, isithili nesikolo*<br>*Ukungabikho kokuphuhliswa kootitshala namagosa. Ootitshala bafundisa izifundo ebekungafanelekanga ukuba bayazifundisa/ amagosa aqeshwa njengeengcali kwizifundo angazaziyo. Ukunqongophala kootitshala/ iingcali zekharityhulam*<br>*amagumbhi okufundela agcwele kakhulu* |
| *Ukutyeshela umsebenzi* | *Ootitshala abazilungiselelanga, abawukorekishi rhoqo umsebenzi wabafundi, abaniki zimpendulo rhoqo kubazali nakubafundi*<br>*Abaziphathi ngendlela ebekufanele baziphathe ngayo* | *Akukho nkuthazo*<br>*Alukho uyilo lwekharityhulam esikolweni, kwiSithili nakwiPhondo*<br>*Ukungabikho kokuphuhliswa kootitshala/ amagosa.* |
| *Akukho kuphathwa gadalala kwabafundi* | *Ukuphathwa gadalala kwabafundi ngokwasemzimbeni nangokwezesondo* | |
| *Unika ingxelo rhoqo kubazali nabafundi* | *Ukungezi esikolweni*<br>*Ukuyeka isikolo*<br>*Ukudoja isikolo emini*<br>*Ukuthunywa ngootitshala ukuba uyobenzela izinto zabo* | *Akukho nkuthazo*<br>*Ukungabikho kokuthatha uxanduva ekufundeni*<br>*Akukho sikhokelo malunga nemisebenzi enokulandelwa*<br>*Akukho bantu kubonelwa kubo baphumeleleyo*<br>*Ukungabikho kwenkxaso evela ekhaya*<br>*Ukuhlutshwa luphatho gadalala ngokwasemzimbeni nangokwesondo*<br>*Ixhoba lokugculelwa Ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi okanye utywala Ulwaphulo-mthetho* |
| *Abantwana kufuneka babe segumbini lokufundela* | *Ukungezi esikolweni*<br>*Ukuyeka isikolo*<br>*Ukudoja isikolo emini*<br>*Ukuthunywa ngootitshala ukuba uyobenzela izinto zabo* | *Akukho nkuthazo*<br>*Ukungabikho kokuthatha uxanduva ekufundeni*<br>*Akukho sikhokelo malunga nemisebenzi enokulandelwa esikolweni, kwisithili nakwiPhondo*<br>*Akukho bantu kubonelwa kubo baphumeleleyo*<br>*Ukungabikho kwenkxaso evela ekhaya kwaye azikho iinkqubo ezivela esikolweni, kwisithili nakwiPhondo ezokunceda abafundi okanye abazali Ukuhlutshwa luphatho gadalala ngokwasemzimbeni, emoyeni okanye*<br>*Ixhoba lokugculelwa Ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi okanye utywala Ulwaphulo-* |
| *Abantwana kufuneka bafike ngexesha* | *Ukufika emva kwexesha esikolweni* | *Akukho nkuthazo*<br>*Ukungabikho kokuthatha uxanduva lokufunda nokuxhasa abafundi ababuthathaka*<br>*Ukungabikho kwenkxaso evela ekhaya, umzekelo, linkedama okanye iintsapho ezonganyelwe ngabantwana*<br>*Azikho izithuthi zabafundi* |

| Izinto ezinyanzelekileyo | ukukhombisa | Izizathu ezinokuba khona |
|---|---|---|
| *Abantwana kufanele ukuba bayafunda* | *Impumelelo yabafundi elambathayo* | *Unxibelelwano olulambathayo phakathi kwesikolo nomfundi ngokuphathelene nokulindelweyo*<br>*IKhowudi yokuziPhatha akuBanjelelwa kuyo*<br>*Azikho iincwadi zokusebenzela neencwadi zezikhokelo*<br>*Akukho zidesika nazitulo*<br>*Ugcino olulambathayo lwezakhiwo*<br>*indlala*<br>*ukudinwa – Akukho sithuthi sabafundi*<br>*ukugula okanye ukungaphili*<br>*Akukho mkhwa wokuthatha uxanduva ekufundeni phakathi kwabafundi kunye neentsapho zabo* |
| *Abantwana, ootitshala namagosa kufuneka bahloniphe* | *Ukugculela*<br>*Ukuziphatha okuphazamisayo eklasini*<br>*Ukungabikho kokukhathala nenkxaso kubafundi. Ukuziphatha okubi , ukungabi nayo into engxamisekileyo kunye nokuphatha kakubi abantu* | *Akukho mkhwa wentlonipho kunye nezinye iinqobo ezisemgangathweni esikolweni, kwiSithili nakwiPhondo*<br>*Akukho ndlela yentlonipho nemiqobo esemgangathweni yesikolo, kwisithili nakwiphondo.*<br>*Ayilandelwa ikhowudi yesikolo kwanekhowudi yoqobo ezisesikweni kubasebenzi bakaRhulumente* |
| *Abantwana, ootitshala namagosa kufuneka benze umsebenzi wabo* | *Abantwana, ootitshala kunye namagosa abayihoyi imiyalelo yokwenza imisebenzi yabo*<br>*Unikezo lweenkonzo olulambathayo*<br>*Ulibaziseko ekuphenduleni kwizicelo zesikolo kunye nezesithili* | *Banezizathu zokungenzi nto*<br>*Akukho lusapho luxhasayo ekhaya/akukho nkxaso nasikhokelo esivela kubaphathi uxanduva losapho luninzi kakhulu*<br>*Ukungabikho kwezibonelelo ekhaya, esikolweni, kwisithili nasesikolweni* |
| *Oo-T abathathu* | | |
| *Ukufundisa ngeencwadi zezikhokelo* | *Akukho ncwadi zezikhokelo okanye zimbalwa ezifumanekayo kubafundi nakootitshala eklasini okanye ekhaya* | *Akukho ukuziswa emva kwexesha kweencwadi zokusebenzela kwaneencwadi zezikhokelo*<br>*Ukungabikho kweencwadi zokusebenzela okanye iincwadi zezikhokelo – ayingomfundi wonke onayo incwadi yesikhokelo incwadi yokusebenzela. Iincwadi zokusebenzela okanye iincwadi zezikhokelo zifunyenwe sisikolo kodwa azikakhutshwa*<br>*Abantwana bayazilahla okanye bazonakalise iincwadi*<br>*Akukho nkqubo yokugcina iincwadi zesikolo esebenzayo* |
| *Inkxaso yophuhliso yarhoqo yootitshala namagosa*<br>*Inkxaso yophuhliso* | *Inkxaso engonelanga yootitshala kunye namagosa* | *Izixhobo ezingonelanga esikolweni, kwisithili kunye nakumaPhondo* |



# UKUHLOLA NOKUNIKA INGXELO KUWO ONKE AMANQANABA EQUMRHU LE-QLTC

Ukuhlola nokunika ingxelo kuwo onke amanqanaba kumaqumrhu e-QLTC yimiba ebalulekileyo kwiphulo lokuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa kuzo zonke izikolo zethu

Amalungu awo nawaphi na amaqumrhu e-QLTC, nokuba yikomiti yesikolo, isekethe, isithili, iPhondo okanye eyesizwe, ngexa behlola inqwanqwa elithile lenkqubo, anonxulumano elinye nelinye neekomiti ezincedayo. Iingxaki nempumelelo eyenzekileyo kwinqanaba lesikolo, umzekelo kufuneka ziqukwe kwiingxelo ezifunekayo kwikomiti zize zidluliselwa kwinqanaba elilandelayo


Iziphumo zokuhlolwa kokuphunyezwa “kwezinto ezinyanzelekileyo” kwinqanaba lesikolo kufuneka kunikwe ingxelo ngazo kwi-SGB, kwsekethe nakwisithili emva kwentlanganiso nganye yekomiti.

Zonke iingxelo zokuhlola, ngokunjalo naziphi na ezinye iingxaki ezichongiweyo, ekugqibeleni kufuneka zifikelele kwiqumrhu lesizwe le-QLTC, ingakumbi ukuba azilungiswanga ngokufanelekileyo ngamanye amaqumrhu amanqanaba ephondo, esithili nawesikolo e-QLTC

Indlela yesibini ekufuneka isetyenziswe ngabo kusetyenziswana nabo ukuqinisekisa ukuba iziphumo zohlolo ziyaxelwa kubameli babo kusetyenziswana nabo kumanqanaba esekethe, esithili, ePhondo nawesizwe ukuqinisekisa ukuba oku kuyalungiswa ngokwenza oko kuxhaswa inkqubo yesikolo

Iingxoxo nesivumelwano kwingxelo ebaluleke kakhulu equlunqwe yikomiti yesikolo ye-QLTC, ezirekhoda zombini iimpumelelo neengxaki, kufuneka ithunyelwe kuzo zombini i-SGB nekomiti yeSithili/Sekethe ye-QLTC.

## AmaNqanaba okuNika iNgxelo e-QLTC




*apho kwenzekayo

## Ukuhlola nokunika ingxelo kwe-QLTC ekuQhubeliseni phambili iziphumo zonyaka zokuhlola isizwe neziphumo zebanga le-12 ze-NSC

**I-AA ibhekisele kwi-ANA, i-NSC naluphi na olunye uhlolo lonyaka oluvunywe yi-DBE okanye yi-PED.**

## ULawulo

*Ukubaluleka kokuhlola amanyathelo athathiweyo kwigumbhi lokufundela nganye, esikolweni, ingakumbi kwinqanaba lesekethe nelesithili, ngokuphathelene (namacebo okuphucula", avela kuhlolwa ngeke kugxininiswe ngokungaphaya*

## Ikomiti ye-SGB ye-QLTC yeSikolo - Amaxanduva

- *Iziphumo ze-AA kwabelwana ngazo nekomiti ye-QLTC SGB*
- *Uyilo lokuphucula kwabelwana ngalo ne-QLTC*
- *Kufikelelwa kwisivumelwano sokuba kwabelwana njani na ngeziphumo noyilo oluphuculiweyo lwabazali noluntu.*
- *Kufikelelwa kwisivumelwano ekubeni uyilo lokuhlola luzakusebenza njani kwaye inkqubela okanye ukungabikho kwayo kuyakunxityelelwa njani ngayo noluntu.*
- *I-QLTC yesikolo kufuneka isebenzise umzekeliso wokuhlola, oyilwe yi-SC yePhondo ye-QLTC ukunika ingxelo kwiSekethe/iSithili.*

## Uxanduva lwe-QLTC yeSithili/ lweSekethe

- *Iziphumo ze-AA ebandakanyekayo kwabelwana ngazo neekomiti zeSekethe/iSithili trict (C/D) ze-QLTC.*
- *UYilo loPhuculo lwe-C/D kwabelwana ngalo neekomiti*
- *Kufikelelwa kwisivumelwano ekubeni uhlolo loyilo luzakwenzeka njani kwinqanaba le-C/D.*
- *Ikomiti kufuneka ihlole iingxelo ezifunyenweyo zizikolo ize yenze izincomo zezicwangciso ukulungisa iingxaki ezichongiweyo.*
- *I-C/D QLTC kufuneka isebenzise umzekeliso wokuhlola, oyilwe yi-SC yePhondo ye-QLTC ukunika ingxelo kwi-SC.*

## Iisekethe/iziThili

Uyilo lweSekethe neSithili lunokucinga:

- *Ngenqanaba lolawulo, ikharityhulm nekxaso ye-PD enikwa isikolo.*
- *Ukukwazi ukuphatha kwenqununu.*
- *Ukukwazi ukuphatha ngokuhlanageneyo kwe-SMT.*
- *Izithuba esingenabantu esikolweni, eziquka i-SMT.*
- *Qualifications and experience of the teachers, in the subjects where poor performance is noted.*
- *Availability of LTSM at the school, in the identified subjects (e.g. Mathematics).*
- *Iziqinisekiso namava eetitshala, kwizifundo apho ukungasebenzi kakuhle kuqatshelweyo?*

## INkxaso yeziFundo yeziKolo

### Ingcali yesifundo kufuneka:

- *Ithathe uxanduva lokulungisa imiba enxulumene nezifundo, olunokuquka:*
- *Ukulungisa ukusilela kolwazi nezakhono kwizifundo/ imimandla.*
- *Ukunceda esikolweni, eklasini, kuyilo lwesikolo, iinkqubo nolungiselelo lokufunda.*
- *Ukuphuhlisa inkqubo zokuhlola.*
- *Ukuphuhlisa imisebenzi yokuhlola ekumgangatho ofanelekileyo.*
- *Ukuqeqesha ootitshala ngokuqhuba uhlalutyo lwemiba kwinqanaba lesikolo.*
- *ukuphuhlisa iinkqubo zokunceda ezijoliswe kubuthathaka kwimimandla ekhethekileyo.*

## Uxanduva e-SC eKomiti eSungulayo yePhondo ye-QLTC

- I-HoD iyakwabelana ne-QLTC SC ngezicwangciso ezisebenzayo kwinqanaba lephondo eziyakusabela kwiziphumo zamahlolo kuqukwa nezicwangciso zokutshintsha, zeziphi iinkqubo zokuhlola ezisebenzayo nokuba ngawaphi amaxesha amiselweyothe aphathelene nohlolo.
- I-SC kufuneka ihlole iingxelo ezifunyenwe yi-CD kwaye yenze isincomo sezicwangciso zokulungisa iingxaki ezichongiweyo.
- I-SC kufuneka isebenzise umzekeliso wayo wokuhlola ukuze inike ingxelo kwi-to SC.



Umzali eLimpopo eKwazisweni i-QLTC yePhondo, Meyi 2010

## ISIXHOBO SOKUHLOLA SOKULUNGA KWEPHONDO

**IGama lePhondo:** ____________________
**IDilesi ye-Ofisi:** ____________________
**IGama leNtloko yeSebe:** ____________________
**I(ii)Nombolo yoQhagamshelwano:** ____________________
**Ifeksi:** ____________________
**IDilesi ye-Imeyile:** ____________________
**U(aba)Lungelelanisi we-QLTC:** ____________________
____________________

**1. IZIXHOBO ZEKHARITYHULAM:-**

| | Izinto ezinyanzelekileyo | Okufunyanisiweyo/ Ubungqina | Amanqakwana/Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| 1 | *Ukuqinisekisa ukuziswa kwe-LTSM kuzo zonke izikolo phambi kokuphela konyaka ongaphambili* | | |
| 2. | *Ukupapashwa kwazo zonke izithuba ezingenabantu nokuqinisekisa ukuba koknke ukuqesha kugqityiwe* | | |
| 3. | *Ukuchongwa nokusiwa kwezinye iindawo okulawulwayo kwezo titshala zigqithisileyo.* | | |
| 4. | *Ukuqinisekisa ukuba iimali zonyaka wangaphambili zihlawulwe kuzo zonke izikolo kwaye ezo zonyaka oqhubayo wemfundo zikwishedyuli* | | |
| 5. | *Iingxelo zophicotho-ncwadi namacebo ongenelelo kwizifundo nezakhono ezinqongopheleyo kwiPhondo ziqulunqiwe* | | |
| 6. | *InkquboyoqeqeshoyekharithylamyephondoyonyakaisiwekuzozonkeiZithili* | | |
| 7. | *UkusiwakweerejistazokuzaesikolwenizabafundinootitshalakwiZithilikwaye kuhlolwa ukuphunyezwa kwemigaqo-nkqubo* | | |
| | **2. ULUNGISELELO LWEKHARITYHULAM:** | | |
| 8. | *Ukulawulwa nokuhlolwa kweenkqubo zokuthathwa kwabafundi kuzo zonke izikolo nengxelo ebanzi equlunqiweyo* | | |
| 9. | *Ukwenza kusebenze iindlela zokuhlola ukusebenza kweSithili ngokuphathele nokuxhaswa kwezikolo malunga nokuphunyezwa kwekharityhulam, uPhuhliso looTitshala nezicwangciso iziphumo ze-ANA nezinye izikhombisi* | | |
| 10. | *AmayiloezikhokelozeKharityhulamyePhondoagqityiweyokwayeahanjiswa, kuqukwa namayilo okusebenza onyaka nawekota aye kwiZithili* | | |
| 11. | *Ukunikwa kweZithili namaPhondo izikhokelo ngeetheyibhule zamaxesha zezifundo, itheyibhule yexesha yesiqabu, itheyibhule yemisebenzi yaphantsi njengasesitiyeni, njalo njalo* | | |
| | **3. UKHUSELO NOKHUSELEKO:** | | |
| 12. | *Ukunikwa kweZithili iindlela zoKhuselo noKhuseleko kulawulo lweentshukumo zeendwendwe nezikhokelo zomgaqo-nkqubo* | | |
| 13. | *UVavanyo lweNgozi lwePhondo oluqulunqiweyo lwaze lwahanjiswa namaYilo okuNgenelela nezikhokelo zesiphango, izinto eziyingozi kwimpilo, amanyathelo okulwa ulwaphulo-mthetho, iziyobisi nobundlobongela* | | |
| | **4. IZIZINTO EZISISISEKO ZESIKOLO:** | | |
| 14. | *Uyilo lolawulo ekulungisweni kweengxaki ezingundoqo zeZzinto ezisisiseko luyasebenza namaxesha amiselweyo acacileyo okufezekisa nolwabiwo lohlahlo lwabiwo-mali, umzekelo uphahla oluvuzayo, iindonga eziwayo, ukungabikho kweeklasi, izikolo ezonakaliswe sisiphango* | | |
| | **5. ULAWULO NOBUNKOKHELI:** | | |
| 15. | *Ukuseka amaqumrhu ePhondo e-QLTC aChaza iNjongo nokwaKhiwa okucacileyo noyilo lokuphumeza ezo zinto zinyanzelekileyo* | | |

**INtloko yePhondo yeSebe/iGosa eloNyuliweyo:** ______________________ **Umhla:** ______________________

## ISIXHOBO SOKUHLOLA SOKULUNGA KWEPHONDO

**IGama lePhondo:** ____________________________________________

**IDilesi ye-Ofisi:** ____________________________________________

**IGama leNtloko yeSebe:** ____________________________________________

**I(ii)Nombolo yoQhagamshelwano:** ____________________________________________

**Ifeksi:** ____________________________________________

**IDilesi ye-Imeyile:** ____________________________________________

**U(aba)Lungelelanisi we-QLTC:** ____________________________________________

____________________________________________

**1. IZIXHOBO ZEKHARITYHULAM:-**

| | Izinto ezinyanzelekileyo | Ubungqina | Amanqakwana / Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| 1 | *Ukuqinisekisa ukuziswa kwe-LTSM ngexesha kuzo zonke izikolo* | | |
| 2. | *Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zizigqibile iinkqubo zokubeka bucala abafundi abafake izicelo kuluhlu olufinyeziweyo nakudliwano-ndlebe kwaye zikugqibile nokuqesha* | | |
| 3. | *Ziyigqibile inkqubo yokuchonga nokusa kwezinye iindawo zonke iititshala ezigqithisileyo* | | |
| 4. | *Ukuqinisekisa ukuba imali yonyaka oqhubayo wemfundo zihlawulwe kuzo zonke izikolo* | | |
| 5. | *Iingxelo zophicotho-ncwadi namacebo ongenelelo kwizifundo ezinqongopheleyo nezibalulekileyo ziqunqiwe zaza zathunyelwa kwiPhondo* | | |
| 6. | *Ukunika izikolo izikhokelo zekharityhulam ngetheyibhule yexesha yesifundo, itheyibhule yexesha yesiqabu, itheyibhule yemisebenzi yaphantsi njengasesitiyeni, njalo njalo* | | |
| | **2. ULUNGISELELO LWEKHARITYHULAM:** | | |
| 7. | *Iinkqubo zokuthathwa kwabafundi ezilawulwayo nezigqityiweyo kuzo zonke izikolo* | | |
| 8. | *Ukusiwa kweerejista zokuza esikolweni zabaFundi nooTitshala ezikolweni nokuhlolwa kokuphunyezwa kwemigaqo-nkqubo yokuza esikolweni* | | |
| 9. | *Amayilo olawulo lweKharityhulam yeSithili aphuhlisiweyo kwaye ahanjiswa, kuqukwa amayilo okusebenza onyaka nawekota kuzo zonke izikolo* | | |
| 10. | *Ukuncediswa kwezikolo kuphuhliso lwamayilo azo ekharityhulam ngokusekelwe kwiziphumo ze-ANA okanye ezebanga le-12 okanye nayiphi na enye inkombiso* | | |
| | **3. UKHUSELO NOKHUSELEKO:** | | |
| 11. | *Izikolo zinikwe iindlela zoKhuselo noKhuseleko kulawulo lweentshukumo zeendwendwe nezinye izikhokelo zomgaqo-nkqubo* | | |
| 12. | *UVavanyo lweNgozi lwePhondo oluhanjisiweyo noYilo lokuNgenelela lweziphango, izinto eziyingozi kwimpilo, amanyathelo okulwa ulwaphulo-mthetho, iziyobisi nobundlobongela nokuhlola ukuphunyezwa kwawo ngaphaya koko* | | |
| | **4. IZINTO EZISISISEKO ZESIKOLO:** | | |
| 13. | *Ukwenza uyilo lolawulo lwazo zonke iingxaki ezingundoqo ezixelwe ziziKolo, umzekelo uphahla oluvuzayo, iindonga eziwayo, ukungabikho kweeklasi, izikolo ezonakaliswe sisiphango* | | |
| 14. | *Zilungisiwe izinto ezisisiseko nezinye iingxaki ezixeliweyo kwiPhondo, umzekelo, izikolo ezonakaliswe ngamanzi esiphango, ukungabikho kweeklasi, izinto ezisisiseko ezikumgangatho osezantsi* | | |
| | **5. UPHUHLISO LOOTITSHALA:** | | |
| 15. | *Kuphuhliswe kwaze kwahanjisa uYilo lweNkqubo yoQeqesho yokuPhuhlisa ooTitshala kunyaka wemfundo* | | |
| | **6. ULAWULO NOBUNKOKHELI:** | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 17. | *Ukuseka amaqumrhu eSithili e-QLTC aChaza iNjongo nokwaKhiwa ngokucacileyo ekuhloleni nasekuphumezeni ezo zinto zinyanzelekileyo* | | |

**INtloko yePhondo yeSebe/iGosa eloNyuliweyo:** ______________________ **Umhla:** ______________________

## ISIXHOBO SOKUHLOLA KOKULUNGA KWESIKOLO KWINQANABA LESIKOLO

**IGama leSikolo:** ____________________________________________

**IDilesi yeSikolo:** ____________________________________________

**ISithili:** ____________________________________________

**INombolo ye-EMIS:** ____________________________________________

**IGama leNqununu:** ____________________________________________

**I(ii)Nombolo yoQhagamshelwano** ____________________________________________

**Ifeksi:** ____________________________________________

**IDilesi ye-Imeyile:** ____________________________________________

**U(aba)Lungelelanisi we-QLTC:** ____________________________________________

____________________________________________

**1. IZINTO EZISISISEKO ZESIKOLO:**

| **INQUNUNU NEQELA LOLAWULO LESIKOLO** | | | |
|---|---|---|---|
| **Izinto ezinyanzelekileyo** | | **Okufunyanisiweyo/ Ubungqina** | **Amanqakwana/ Umceli mngeni** |
| | Ingaba kukho iidesika nezitulo ezaneleyo kumfundi ngamnye? | | |
| | Ukuba akunjalo, ngabafundi abangaphi abachaphazelekayo | | |
| | Ingaba isikolo sibiyiwe ngokufanelekileyo kwaye sikhuselekile? | | |
| | Ingaba isikolo sinethala leencwadi elisebenzayo elinezibonelelo? | | |
| | Ingaba ilebhu yezeNzululwazi inazo izibonelelo kwaye iyasebenza? | | |
| | Ingaba isikolo sinazo izibonelelo ezoneleyo zamanzi nezogutyulo lindle? | | |
| | Ingaba inkqubo yesondlo isebenza ngokwaneleyo? | | |
| | Ingaba isikolo sinazo izibonelelo zezemidlalo | | |
| | Ingaba isikolo sicocekile jikelele? | | |
| | Ingaba uyilo lokujonga ugcino lweengxaki kwizinto ezisisiseko zesikolo luyasebenza? | | |
| | Ingaba zikhona iingxaki kwizinto ezisisiseko zesikolo kwaye ingaba zixeliwe kwisithili, umzekelo uphahla oluvuzayo, iindonga eziwayo, ukungabikho kwamagumbi okufundela? | | |

**2. ULUNGISELELO LWEKHARITYHULAM:**

| **INQUNUNU NEQELA LOLAWULO LESIKOLO** | | | |
|---|---|---|---|
| **Izinto ezinyanzelekileyo** | | **Okufunyanisiweyo/ Ubungqina** | **Amanqakwana/Umceli mngeni** |
| | Isikolo sinalo uyilo lolawulo lweKharityhulam, kuquka:<br>• uyilo lomsebenzi wonyaka nowekota<br>• amaxesha acangcisiweyo ezifundo ezinemisebenzi yo okwenziwayo ngaphandle kokufunda noluhlu lwemisebenzi | | |
| | Ingaba isikolo sixelelwe ngokulindelweyo ngokunxulumeni nokuphunyezwa kwekharityhulam? | | |
| | Ingaba iziphumo ze-AA, iziphumo zebanga le-12 okanye nasiphi na isikhombisi esisetyenzisiwe njengesiseko eso kuyilwe ngaso ikharithyulam? | | |
| | Ingaba ukuthathwa kwabafundi bonyaka kwimfundo eqhubayo kugqitywe kwangexesha? | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | Ingaba iirejista zokuza esikolweni kootitshala nabantwana ziyasebenza kwaye ziyalawulwa? | | |
| | Ingaba umgaqo-nkqubo wokuza esikolweni kwabaFundi uyasebenza? | | |
| | Ingaba umfundi ngamnye unayo incwadi yesikhokelo kwisifundo ngasinye? | | |
| | Ukuba akunjalo ngoba, bangaphi abangenazo kwaye kweyiphi imimandla? | | |
| | Ingaba bonke ootitshala babelwe iziFundo abafanelekileyo ukuba bazifundise? | | |
| | Ukuba akunjalo ngoba, bangaphi kwaye kweyiphi imimandla? | | |
| | Kwabelwe iiklasi kulo nyaka uqhubayo wemfundo | | |
| | Ingaba kukho naziphi na iikasi okanye izifundo ezingenabo ootitshala? | | |
| | Xela izifundo/ amabanga/izigaba nenani labafundi abachaphazelekayo? | | |
| | Ukuba ngaba nabaphi na abafundi bayachaphazeleka manyathelo mani athathiweyo ukulungisa oko? | | |

**3. IZIXHOBO ZEKHARITYHULAM:**

| Izinto ezinyanzelekileyo | | Okufunyanisiweyo/ Ubungqina | Amanqakwana/ Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| | Ukungiselela izithuba kugqityiwe<br>• Izithuba ebezingenabantu zigcwalisiwe<br>• Ootitshala abagqithisileyo bachongiwe baze basetywenziswa | | |
| | Ingaba zonke izixhobo zokufunda (kufakwe i-odolo yazo) zihanjiswe ezikolweni phambi kokuvulwa kwakhona konyaka omtsha wesikolo? | | |
| | Ingaba zinikwe bonke abafundi? | | |
| | Ingaba kukho nakuphi na ukunqongophala? | | |
| | Ingaba iincwadi zokusebenzela ezingolwimi olichanekileyo zifunyewne? | | |
| | Ingaba kukhona inkqubo esebenzayo ykufumana iincwadi zesikhokelo? | | |
| | Ukuba ngu-ewe, ingaba inkqubo inempumelelo? | | |
| | Kwabelwe iiklasi kulo nyaka uqhubayo wemfundo | | |

**4. UPHUHLISO LOOTITSHALA:**

| Izinto ezinyanzelekileyo | | Okufunyanisiweyo/ Ubungqina | Amanqakwana/ Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| | Ingaba uyilo lophuhliso lootitshala luyasebenza | | |
| | Ingaba isikolo sifumene nayiphi na inkxaso eyimfuneko kwi-ofisi yesithili njengokuba isithili siqhube iintlanganiso zeengxoxo ukwazisa ootitshala mslunga notshinstho kwikharityhulam? | | |
| | Ikqubo yoqeqesho yophuhliso lootitshala besithili iphuhlisiwe yaze kwanikezwa ngayo | | |

**5. UKHUSELO NOKHUSELEKO LWESIKOLO:**

| Izinto ezinyanzelekileyo | | Okufunyanisiweyo/ Ubungqina | Amanqakwana/ Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| | Ulwazi lwamanyathelo okhuselo, iinkqubo zoluleko neendima zazo ezilandelayo | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | Ingaba kukho nayiphi na imigaqo-nkqubo esebenzayo ekuthathweni kwabafundi, ukhuseleko, ululeko, ukuziphatha kootitshala nabantwana, ukukhulelwa neminye imigaqo-nkqubo eyimfuneko kuqukwa neekhowudi zokuziphatha ingaba iyasebenza? | | |
| | Ukwaziswa ngayo kwaye uyisayine iKhowudi yokuziphatha | | |
| | IKhowudi yokuziPhatha yeSikolo isayinwe ngabo bonke abantu ekusetyenziswana nabo | | |
| | Ingaba uHlolo lomNgcipheko noYilo loNgenelo ziyasebenza (isiphango, iingozi zempilo, ukuya kumanyathelo okulwa ulwaphulo-mthetho, iziyobisi, ubundlobongela njalo njaloplace)? | | |
| | Ingaba irejista yolawulo lokungena yendwendwe iyasebenza? | | |

**6. ULAWULO NOBUNKOKHELI:**

| Izinto ezinyanzelekileyo | | Okufunyanisiweyo/ Ubungqina | Amanqakwana/ Umceli mngeni |
|---|---|---|---|
| | Ukuxatyiswa kweendima namaxanduva abo | | |
| | Ukuqinisekisa ukuba imigaqo-nkqubo yokhuselo neyolukeko iphuhlisiwe kwaye iyasebenza | | |
| | Ukuphuhlisa ishedyuli yeentlanganiso zabazali | | |
| | Ukuqinisekisa ukuba abazali bayaziswa ngeentlanganiso ezilungiselelweyo | | |
| | Ukuseka ikomiti ye-QLTC SGB ukuze ihlole ezo zinto zinyanzelekileyo | | |
| | Ingaba ikomiti ye-SGB iyasebenza, idibana rhoqo kwaye inike ingxelo kwi-SGB | | |
| | Ukuba akunjalo, ngoba? | | |
| | Ukuseka ezinye iikomiti ezibandakanyekayo ze-SGB, umzekelo, ezeMali, uLuleko, njalo njalo | | |
| | Ukuqinisekisa ukuba zonke izithuba ezingenabantu ziyapapashwa zize izincomo zithunyelwe kwiSebe ukuze zigcwaliswe izithuba | | |
| | Zilungisiwe iingxaki zezinto ezisisiseko zesikolo kwaye ezinye zixelwe kwiSithili, umzekelo uphahla oluvuzayo, iindonga eziwayo, ukungabikho kweeklasi | | |
| | Ingaba uhlahlo lwabiwo-mali lonyaka ozayo lweSikolo luvunyiwe? | | |

**Inqununu:** ______________________________ **Umhla:** ____________________

ISitampu seSikolo

## Ikomiti yesikolo ye-QLTC SGB ingahlola ize iyinike njani ingxelo kwimiceli mngeni?

| Umceli mngeni | Ireferensi yenkqubo-sikhokelo yomgaqo-nkqubo | I/iindlela yeprotokoli | I-QLTC |
|---|---|---|---|
| Izinga eliphezulu lokungezi esikolweni | Umgaqo-nkqubo wokuza esikolweni<br>Umgaqo-nkqubo wekhefu | I-SGB, Inqununu IQumrhu leSithili | Wuse umcimbi kwikomiti ye-QLTC. Umcimbi ekuzakuxoxwa ngawo neNqununu. I-QLTC kufuneka iquke umcimbi kwingxelo yawo eya kwi-SGB ne-QLTC yeSithili |
| Ukufika emva kwexesha phakathi kootitshala, amagosa esebe nabafundi | Umthetho wengqesho yootitshala ,<br>Umthetho wenkonzo kaRhulumente<br>Umgaqo-nkqubo wesikolo | Inqununu, ikomiti ye-QLTC, i-SGB ne-QLTC yesithili | Umcimbi ekuzakuxoxwa ngawo neNqununu nabobabandakanyekayo ekusetyenziswana nabo. I-QLTC kufuneka iquke umcimbi kwingxelo yawo eya kwi-SGB ne-QLTC yeSithili<br>Uluntu lunokunceda ngokuhlola |
| Ukungabikho kootitshala ngexesha kumagumbhi befundisa | Iingxelo zomgaqo-nkqubo wesizwe<br>Iirejista zamaxesha eziFundo | Inqununu, ikomiti ye-QLTC, i-SGB ne-QLTC yesithili | Xoxani umcimbi neNqununu ne-SMT kwaye ukuba kukho imfuneko umcimbi mawuxelwe kwi- SGB ne-QLTC yeSithili |
| Ukungabikho kweencwadi zezikhokelo/<br>Iincwadi zokusebenzela | Izithethe nemigangatho yenkxaso | Inqununu, ikomiti ye-QLTC, i-SGB ne-QLTC yesithili | Xoxani umcimbi neNqununu kulandele ingxelo eya kwi-SGB nakwi-QLTC yeSithili |
| Abafundi basebenza ngaphantsi kweqondo lesizwe elimiselweyo kuHlolo lweSizwe loNyaka okanye iimvavanyo ze-NCS zebanga le-12 | Umthetho wengqesho yootitshala<br>Umthetho womgaqo-nkqubo wesizwe wemfundo | Inqununu, i-SMT, ikomiti ye-QLTC, i-SGB ne-QLTC yesithili | I-QLTC kufuneka icele ingxelo kwiNqununu ne-SMT ngeziphumo ze-ANA akwaye icele ingcaciso ekubeni kutheni ukusebenza ku/ bekusezantsi kunoku kufunekayo ngokunjalo nokuqonda ukuba yintoni ezakwenziwa eziklasini nasesikolweni ukulungisa iziphumo. Ingxelo mayithunyelwe kwi-SGB nakwi-QLTC yeSithili<br>Iintlanganiso zabazali noluntu kufuneka zibizwe yinqununu apho isicwangciso sokusebenza okuphucukileyo kwabafundi sicaciselwa uwonke-wonke |
| Umoya ophantsi phakathi kootitshala | Inkqubo yeMpilo yabaSebenzi | Isitafu, inqununu, iKomiti ye-QLTC, ukuntu, i-SGB ne-QLTC yesithili | Umcimbi mawuxoxwe ngabasebenzi neNqununu ngokwahlukeneyo. Qinnsekisa onobangela abangundoqo bomoya ophantsi. khankanya ezo zinto zincomekayo ezizakuthi ikomiti yeQLTC izithathele ingqalelo zize zixelwe kwiQLTC yesithili neSGB |
| Ukungabikho kokuvunywa nokuqondwa kokugqwesa kootitshala | AmaBhaso okuFundisa eSizwe, uSuku looTitshala lweHlabathi | iNqununu, iKomiti ye-QLTC, i-SGB yoluntu ne-QLTC yeSithili | Ikomiti ye-QLTC mayifumane iindlela zokuvuma ukugqwesa nokuzibophelela esikolweni nakwinqanaba loluntu. Qinisekisa okwenziwe yiNqununu ngokuphathelene ne-NTA kwaye kunikwe ingxelo kwi-SGB<br>Yintoni eyenziwe sisikolo ngaphambili ukubhiyozela uSuku looTitshala lweHlabathi? Kungaphuculwa njani oku ngaphandle kokuphazamisa usuku lwesikolo okanye ukusetyenziswa kohlahlo lwabiwo-mali lwesikolo?<br>Ingalubandakanya njani uluntu ikomiti yeQLTC? |

| Umceli mngeni | Ireferensi yenkqubo-sikhokelo yomgaqo-nkqubo | I/iindlela yeprotokoli | I-QLTC |
|---|---|---|---|
| Ukwandisa amandla angaphakathi | Ukuqeqesha, ukuba sisibonelo, iikhosi zembalelwano ezimanyaneyo, i-intanethi, iinkqubo ze-intanethi | Imibutho yenkolo, amaqumrhu oluntu, iintlanganiso zesikolo, amashishini, iMvumelwano ye-NEDLAC | I-SGB, abaZali, iinkokheli namaLungu oluNtu |
| Ulawulo nokuthotyelwa okuphuculiweyo | Ukuqeqesha, ukuba sisibonelo, iikhosi zembalelwano ezimanyaneyo, i-intanethi, iinkqubo ze-intanethi U | Imibutho yenkolo, amaqumrhu oluntu, iintlanganiso zesikolo, amashishini, iMvumelwano ye-NEDLAC yeSithili | Xoxani umcimbi neNqununu ne-SMT kwaye ukuba kukho imfuneko umcimbi mawuxelwe kwi- SGB<br>Qiniseka ukuba iNqununu ne-SMT ne-SGB babhala uyilo lwesikolo, oluquka imihla ebalulekile efana neekota zesikolo, iiholide zikawonke-wonke imihla ye-ANA neemviwo zebanga le-12 ze-NCS, ngokunjalo nemihla yeentlanganiso nabazali nootitshala ngokunjalo, imisitho ebalulekileyo yezemidlalo neyenkcubeko ebandakanya isikolo sonke, intlanganiso ze-SGB nabazali zokuxoxa ngohlahlo-lwabiwo-mali, ngokunjalo nomhla wokuthathwa kwesitokhwe esikolweni ngonyaka nokubuyiselwa kweencwadi zezikhokelo esikolweni ngabafundi. |
| Ukugcinwa kwezakhiwo zesikolo kuqukwa izixhobo zemidlalo nezenkcubeko | UMgaqo-nkqubo woGcino lweSikolo | Imibutho yenkolo, amaqumrhu oluntu, iintlanganiso zesikolo, amashishini, iMvumelwano ye-NEDLAC | Seka iimfuno zogcino lwesikolo nokuphuhliswa koyilo lolgcino lwarhoqo<br>Bhala uluhlu lwamashishini nababoneleli ngeenkonzo kuluntu, ingakumbi abo badityaniswa nesikolo neenkcukacha zabo zoqhagamshelwano kuze kuthiwe thaca iimfuno namayilo ogcino.<br>Bonisa ngomzekelo.<br>Thabatha inxaxheba kwiinkqubo eziphuhliselwe ukugcina izinto ezisisiseko<br>Volontiya kwiinkqubo zokutya esikolweni nezesitiya, makulungiswe iifestile nezinye izinto ezonakeleyo ezingephi.<br>Funa amalungu angamachule kwimimadla yawo umzekelo abatywini, abalungisi bombane nabakhi ukuba bancede kugcino lwarhoqo lwesikolo bengamamavolontiye.<br>Ingaba ingalubandakanya njani uluntu ikomiti yeQLTC?<br>I-SGB, abaZali, iinkokheli |



## IiNkqubo zokuNika iNgxelo

Iingxelo kufuneka zithiwe thaca kwiintlanganiso ze-QLTC ukuze kuvunyelwane ngazo phambi kokuba zithunyelwe kwinqanaba elilandelayo

Kwimeko yekomiti yesikolo ye-QLTC, ingxelo nganye kufuneka ingeniswe kwi-SGB. Kufuneka ke ithunyelwe kwiKomiti yesithili ye-QLTC

Iingxelo kufuneka ziquke oku kulandelayo:

- Ingxelo evela kumaqela ngamanye anomdla ekhombisa ukuba yintoni ayenzileyo ngokuphathelene nenkxaso kwi-QLTC yoluntu.
- Ingxelo yeqela ngalinye elinomdla ngamanqanaba okuza nokufika ngexesha esikolweni.
- Ingxelo yeqela ngalinye elinomdla ngokuphathelene nokubambelela kwalo kwisibhambathiso salo njengabafundi (apho kufanelekileyo), abazali, amalungu e-SGB, ootitshala, inqununu namalungu oluntu
- Ingxelo yako nakuphi ukuhlanganisa uluntu

Umzekelo quka inkqubo yengxelo apho uluntu lubizelwa entlanganisweni apho izicwangciso zokufundisa/ikharityhulam ezijolise ekuphuculeni umgangatho wokufunda nokufundisa okanye iziphumo zicaciselwa bonke ababandakanyekayo ngaphaya koko ibe yinkqubela okanye ukungabikho kwayo kuxelwayo kwaye kuhlolwe.

Iintlanganiso zikwabalulekile ngokunika ingxelo kuwo nawaphi na amanyathelo athathiweyo, umzekelo, ukuba ngaba kubekho inkqubela kumba othile. I-ajenda kufuneka ijikeleziswe kumalungu ekomiti ye-SGB nemizuzu yentlanganiso yangaphambili okungenani kwiveki ephambi kwentlanganiso elandelayo. Kwintlanganiso yokuqala, ikomiti ye-SGB kufuneka ibhale ishedyuli yemihla yeentlanganiso zonyaka. Le shedyuli kufuneka ilandele leyo yekomiti yezimali yesikolo neshedyuli ye-SGB yeentlanganiso, kuba ikomiti ye-QLTC SGB kufuneka idibane phambi kwentlanganiso elandelayo ye-SGB ukuze ikwazi ukulungisa ingxelo.

Ngasezantsi ngumzekelo we-ajenda ebhalelwe ukuba intlangansio ikwazi ukuthetha ngayo yonke imiba kwaye ifikelele kwizigqibo ngamanyathelo ekufuneka aqaliswe.

Nceda ufumane imizekelo yee-ajenda zentlanganiso yekomiti yesikolo ye-QLTC SGB nomzekelo wokuba kufuneka ibhalwe njani ingxelo kwiSihlomelo A, kwiphepha lama-58, kule ncwadi.

## UkuHlanganisa kumanqanaba eSizwe nawePhondo

> *"Ukusebenza kwinkqubo yesikolo ngundoqo wokwakha isiseko sophuhliso lwezakhono zokukhula koqoqosho nophuhliso nokuqinisekisa ukuba uluntu luyakwazi ukuphumeza iinjongo zethu zobulungisa nophuhliso" (iMvumelwano 2, 2011: 4).*

## IMvumelwano

UMphathiswa weMfundo esiSiseko , uNks Angie Motshekga, MP, neenkokheli eziphezulu zemibutho yezemisebenzi, uluntu noshishino kwi-NEDLAC baye bazisa isivumelwano se-NEDLAC kwimfundo esisiseko nentsebenziswano nezikolo ngowe-02 Oktobha 2011 eGcuwa, eMpuma Koloni

Esi sivumelwano saatyikitywa ngoJulayi 2011 ziinkokheli zeemanyano zabaSebenzi (Cosatu, Fedusa and Nactu); BUSA; amaQela anoMdla oluNtu; noMphathiswa weMfundo esiSiseko egameni likaRhulumente. IMvumelwano ijoliswe ekuvuseleleni abemi boMzantsi Afrika ukuba baxhase izikolo (kugxininiswa kwezo zikolo zingasebenzi kakuhle) kwimfuno yeziphumo ezisemgangathweni kwimfundo esisiseko

ISebe leMfundo esiSiseko neemanyano zabasebenzi ziye zahlangana zabhambathisa ukuzibophelela kwazo kwimfundo esemgangathweni ngosayino lwakutsha nje lweMvumelwano kwiMfundo esiSiseko. Lo yaba ngumzuzu wembali kwimfundo kuba ukuphawula ukuqala kwexesha elitsha apho bonke abo kukho indima abayidlalayo kwezemfundo, ekusetyenziswana nabo namaqabane asekuhlaleni babophelela imibutho yabo ukuba ixhase eli phulo lokuphumeza ukufunda nokufundisa okusemgangathweni eMzantsi Afrika. Undoqo weMvumelwano kukusebenza nezikolo ezichongiweyo ukuze, ngenkxaso esiwe kuzo, zihlangabezane nemiceli mngeni ezijongene nayo.

Bonke abasayinayo – iimanyano zabasebenzi, imibutho yamashishini neyasekuhlaleni yaye yamela i-NEDLAC – yabhambathisa inkxaso yayo ekuzibopheleleni kukaMphathiswa Angie Motshekga ekuphuculeni umgangatho wemfundo enikwa kwizikolo zikaRhulumente

IMvumelwano iseka iinkqubo zePhulo lokuFunda nokuFundisa okuseMgangathweni – usayino olwenziwa ngabantu abaninzi phakathi kwabo ngabazali, ootitshala, iimanyano, uluntu namaQumrhu aLawula iSikolo ngenjongo yokuphumeza ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kubo bonke

Ethetha nabasayinileyo e-Sol Plaatje House ePitoli ngoLwesibini, wama-20 Septemba, uMphathiswa Motshekga wavakalisa imincili yakhe ngeli nyathelo

"Le yinkqubo echulumancisayo kuthi, isiganeko esibalulekileyo esingundoqo nomthombo omkhulu wethemba," watsho uMphathiswa "Ukusebenza neemanyano noluntu ezikulo izikolo zethu kungenza sibe nokumelana nemiceli mngeni ejongene nemfundo eMzantsi Afrika "

"Ndiyakulangazelela okuthethwa yile Mvumelwano nokwenza isebenze. Njengecandelo siyayifuna," wongeza uMphathiswa Motshekga

Waqhuba uMphathiswa wathi ngexa uMzantsi Afrika uzuze impumelelo enkulu kweminye imimandla yenkqubo yesikolo, inani elikhulu labafundi lisuka kwiindawo ezihluphekayo ezinothotho lweyazo imiceli mngeni. Akukho kuthandabuza kwinkqubo le ngokungenakuphikiswa, inobulungisa ngokungaphaya kwaye inokulwa nokuhlupheka xa sijonga kunango-1994, umgangatho uphuculiwe, kodwa umgangatho awanelanga kusabeka imiceli mngeni ebonakalayo.

" Siqaphela umtsi omkhulu kwizinga labafundi lokuphuma bashiye isikolo kumaBanga ele-10 nele-12. Ngamanye amaxesha esi sisiphumo sobuhlwempu, kodwa kukwangenxa yokungoneli kwinkqubo. Oku kunyanzela aba bantwana ukuba baphume ezikolweni" watsho uMphathiswa.

UMphathiswa Motshekga wagxininisa ukuba eminye yale miba ichaphazela abafundi yimiba yasekuhlaleni ecebisa ukuba iinkqubo ze-QLTC kufuneka zisetyenziswe njengesixhobo sokuba uluntu luzixhobise lusebenze nangakumbi ekuqinisekiseni ukuba abantwana baba ngabantu abadala ababumbekileyo

IMvumelwano kwiMfundo esiSiseko ibophelela bonke abo basayinileyo ukuba bavume ukusebenza ekutshintsheni ingqondo ephakathi kootitshala, abafundi nabazali ukuba kwakhiwe ngokutsha ukusebenza ingakumbi kwezo zikolo zingaqhubi kakuhle.

## IPhulo lokwaMkela iSikolo

Ukuzibophelela okungundoqo kwiMvumelwano siyakubona abo kusetyenziswana nabo beqinisela iPhulo lokwaMkela iSikolo eliphathelene nokwamkela ezo zikolo zingasebenzi kakuhle kuphunyezwe ukungenela eli phulo ngokupheleleyo, uphuhliso lwesikolo ukuze kuphakanyiswe ulawulo olufanelekileyo, imigangatho ephezulu yokufundisa, intlonipho nokuziswa ngokwaneleyo kwezixhobo eziyimfuneko.

IMvumelwano inombono wokuba ujoliso lokuqala oluphakathi kwe-100  nama-200 ezikolo luyakufakwa kwiPhulo lokwaMkela iSikolo kunyaka wokuqala, eli nani liza kunyuka ukuya ngaphezulu kwama-500 ezikolo kwiminyaka elandelayo.

## IProtokoli yokuzaMkelela iSikolo

I-QLTC iye yaqalisa iProtokoli emisela indima  noxanduva olwahlukeneyo lalowo udlala indima kwiPhulo lokuzaMkelela iSikolo kwaye iyakukhokelela kukubandakanyeka kwabantu ekusetyenziswana nabo, amagosa, iinqununu  ne-SGB kwinkqubo yokuxhasa izikolo ukuqinisekisa ukufunda nokufundisa okusemgangathweni.

Injongo yale protokoli kukunika isixhobo esikwaziyo ukuphumeza iSivumelwano se-NEDLAC kwiMfundo esiSiseko neNtsebenziswano nezikolo. Le protokoli iyakunika abo bafuna ukuzamkelela izikolo imigaqo yokuzibandakanya ngokweenkqubo nezikolo njengoko kumiselwe kumgaqo-nkqubo nemithetho nemigaqo-nkqubo yesizwe neyamaphondo ngokunxulumene nolawulo wesikolo  nokhuseleko lwesikolo (umThetho weziKolo woMzantsi Afrika, 1996 (umThetho oyiNombolo yama-84 ka-996) iMimiselo yamaNyathelo oKhuseleko kwiZikolo zikaRhulumente).

## Iinjongo zeprotokoli ekwamkeleni ezo zikolo zingasebenzi kakuhle zingale ndlela ilandelayo:

- Ukwakha ubudlelwane obuluqilima phakathi kwabanikeli, isithili, isebe lephondo, izikolo  noluntu;
- Ukukhusela ixesha lokufunda nokufundisa  nokuvuselela umkhwa wokugqwesa;
- Ukubandakanya uluntu olujikelezileyo kungenelo lokuphucula i/izikolo zalo ukuze kuphakanyiswe uluntu ngokudalwa kwemisebenzi nophuhliso lwezakhono;
- Nokuzisa impucuko ezinzileyo yexesha elide ekufundeni nasekufundiseni okusemgangathweni.



Abafundi kunye notitshala wabo kwiSikolo samabanga aPhantsi iTlhopane, kwiPhondo lomNtla Ntshona, befumana umnikelo weedesika kunye nezitulo kubaphathi be-Sun City Resort, Matshi 2011

## Imizekelo yeendlela iQumrhu leSithili elingahlanganisa ngayo uluntu kwiSithili

| Ummandla wojoliso | Imisebenzi | Injongo |
|---|---|---|
| *Ukukhuthaza uphuhliso lwezakhono namathuba okwenza imali kwinqanaba lesithili ngaphakathi kwiindawo zoluntu* | *Ukudibana rhoqo namashishini engingqi nabaSebenzi boPhuhliso loluNtu kuRhulumente weNgingqi ngokuphathelene neemfuno zoluntu lwengingqi namathuba okudalwa kwemisebenzi nophuhliso lwezakhono*<br><br>*Ukukhuthaza izikolo ukuba ziqalise izitiya zemifuno ngentsebenziswano noluntu lwengingqi*<br><br>*Ukuphuhlisaamaphuloenkxasokwinqanaba lengingqi malunga neenkqubo zophuhliso lwezakhono njenge-Kha Ri Gude Mass Literacy*<br><br>*Ukubandakanyeka noRhulumente weNgingqi ngokuphathelene nemiba yamathala eencwadi oluntu namaziko oluntu*<br><br>*IQumrhuleSithililinokwenzaimaliliyenzela imisitho yezikolo kwinqanaba lesithili*<br><br>*Ukukhuthaza izikolo ukuba zenze ii-databases zabafundi bangaphambili ukuze bancede kwiinkqubo zesikolo*<br><br>*Ukuququzelela inkxaso yesikolo evela koosomashishini bengingqi ukuze kuphuculwe iiprojekithi zesikolo – umzekelo – izibonelelo nezixhobo zemidlalo, izixhobo zomculo neepreojekithi zokwenza ukuba isikolo sibe sihle neeprojekithi zokulungisa izinto ebezisebenzile ukuze zisetyenzise kwakhona* | *TUkunceda ekunikeni uluntu izakhono kuqukwa ilitheresi nobuchule bokubala nezakhono zekhompyutha nexabiso lokufunda ubomi obude*<br><br>*Ukuququzelela ufikelelo kulwazi kuluntu ngokuphathelene namathuba oqeqesho namathuba ophuhliso lwezakhono* |
| *Ukuhlanganisa abafundi bazibophelele kwimfundo esemgangathweni* | *IQumrhu leSithili kufuneka liququzelele ukuqondwa kwempumelelo yomfundi ogqwesileyo*<br><br>*IQumrhu leSithili kufuneka lisingathe imisitho yemfundo ezikolweni kuqukwa Ukufundelaulonwabo,iingxoxo-mpikiswano, ukhuphiswano lokupela njalo njalo* | *Ukufaka umkhwa wokufunda okusemgangathweni nokuzibophelela ekugqweseni kwezemfundo nokukhuthaza bonke abafundi ukuba bathathele kubo uxanduva ngempumelelo yabo yokufunda* |

| | | |
|---|---|---|
| *Ukuhlanganisa abafundi nootitshala kwisithili xa Sisonke ukuba badlale indima yabo kuluntu.* | *Ukuqalisa ukhuphiswano oluphakathi kwezikolo lwabafundi nootitshala nokubonisa ukubandakanyeka kwabo kuluntu- nokuzibophelela kwabo kokusingqongileyo*<br>*– umzekelo izitiya zokutya, iiprojekithi zokulungisa izinto ebezisebenzile ukuze ziphinde zisetyenziswe kwakhona, njalo njalo .* | *Izikolo zizibophelele ekwenzeni umahluko* |

## Imizekelo yeendlela ezo ikomiti yesikolo ye-QLTC SGB ingahlanganisa ngazo abazali noluntu ukuze kuxhaswe ukufundisa nokufunda

Undoqo ekubandakanyekeni kwabazali noluntu kwimisebenzi yesikolo lunxibelelwano. Izikolo zezoluntu kwaye ke kubalulekile ukuba bonke ababandakanyekayo okanye abachatshazelwa yimisebenzi yesikolo bakuve oku.

Iqela le-QLTC kufuneka licinge ngokuqalisa iingxoxo nokudibana neecawa zengingqi, iitempile, iicawa zamasilamsi nemibutho esekele kuluntu. Oku kuyakunceda isikolo ukuba siqonde ngokungcono ngeemvelaphi zabafundi baso kwaye kwangaxesha nye, oko kuyakunika imibutho uluvo lobunini nokuthatha uxanduva esikolweni.

Kubalulekile ukuba ikomiti yeSikolo ye-QLTC SGB ikwazi ukuba neempembelelo kumalungu oluntu ukuba adlale indima yawo kwimfundo. Umyalezo kufuneka ukube ibe ngulo: *Thathelani kuni ubunini kwaye nibandakanyeke kwisikolo senu sengingqi. Izikolo ziindawo zoluntu kwaye wonke umntu unokubandakanyeka*



Amavolontiye oluntu eMvezo, eMpuma Koloni, elungisa iSikolo samabanga aPhantsi iNkwenkwezi ngoSuku lukaMandela, 2010

## IKomiti eNganeno yeSikolo ye-QLTC ingaluhlanganisa njani uluntu?

| Yintoni ekufuneka yenziwe? | Yenziwa njani? | Ngubani omakabandakanywe? |
|---|---|---|
| *Ukuhlanganisa bonke abantu ekusetyenzisana nabo ukuba bancede ekuqinisekiseni ukuba abafundi, ootitshala bafika ngexesha esikolweni rhoqo njengenxenye yokuhlangabazena ngezo zinto zinyanzelekileyo* | *Ukusetyenziswa kwedata yesikolo kwabo bafike emva kwexesha nokuqalisa iintlanganiso zokudibana nabafundi nabazali abachaphazelekayo*<br>*Ukusebenzisa imiceli mngeni echongiweyo ekufikeni emva kwexesha nokungezi esikolweni ukuphuhlisa uyilo longenelelo* | *IQumrhu eliLawula iSikolo*<br>*IiManyano zooTitshala*<br>*Abazali*<br>*Imibutho yabafundi*<br>*Ootitshala*<br>*Abantu abazizibonelo kuluntu* |
| *Inkxaso yokwehlisa imisebenzi yolwaphulo-mthetho, ubusela nokuqhekeza esikolweni nezibonelelo zokhuselo* | *Ukusebenza ngokusondeleyo neQumrhu eliGadayo kuluNtu namaPolisa oMzantsi Afrika kwaye kuyilwe icebo lokusebenza*<br>*Ingaba isikolo sinxulumene nesikhululo samapolisa sengingqi?* | *Amaqela enkolo, abakhathaleli kuluNtu, iqumrhu lamaPolisa, abazali, nabafundi* |
| *Ukwenza uluntu lukuqonde ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unofikelelo kwaye uyaya esikolweni, ukhuselekile kwaye ebaxhasa abo bafundi bangakhuselekanga ukubanqanda ekubeni bayeke isikolo* | *Ukuqalisa inkqubo yokwaMkela uMfundi*<br>*Indima yabathabathi nxaxheba iya kuba:*<br>*Kukukhuthaza abafundi ukuba bayigqibe imfundo yabo;*<br>*-ukuxoxa nabafundi nokuya kwabo esikolweni nomsebenzi wabo wesikolo*<br>*-ukuhlola ukusebenza kwabo*<br>*-Ukubanceda ngeeprojekithi nomsebenzi wasekhaya wesikolo apho kukho khona imfuneko*<br>*Ukuqala intsebenziswano ukuze kunikwe abafundi iinkonzo zokubalungiselela imisebenzi yesikolo nophuhliso lwekhondo lomsebenzi onokulandelwa.* | *Abazali*<br>*Ootitshala abadla umhlalaphantsi nabo babengabafundi besikolo abaseziyunivesiti okanye kwiiKholeji ze-FET ngokunjalo nabo banezidanga.*<br>*Amalungu karhulumente wengingqi*<br>*Abantu abazizibonelo kuluntu abavela kwiintlobo ezahlukeneyo zemisebenzi enobugcisa neminye imisebenzi enezakhono.*<br>*Ukudibana neeyunivesiti neeKholeji ze-FET ukubonelela isikolo sakho ngolwazi ngekhondo lwemisebenzi enokulandelwa namathuba angaphaya kokugqiba isikolo.*<br>*Ukucela i-ofisi yesithili ukuba idibanise iziKolo kwiSithili kwaye kubanjwe uSuku lweKhondo lweMisebenzi enokuLandelwa* |
| *Ukumema uluntu ngokubanzi nabahlali ukuba bancede ukuba sempilweni kubuqu beenkedama neentsapho ezonganyelwe ngabantwana kuxhaswa ukuhlangana ngokwasekuhlaleni.* | *Ukuyila i-database kudityenwe nabaPhathi beSikolo yazo zonke iiknkedana neentsapho ezonganyelwe ngabantwana.*<br>*-ukuyila i-database abafundi abaneengxaki zokuziphatha,*<br>*-Ukuqhuba utyelelo kumaKhaya lawo onganyelwe ngabantwana nabafundi abanengxaki zokuziphatha ukuhlola isimo nokuzibandakanya nabazali, abagcini nabamelwane (ingaba kukho ingxaki nobumfihlo apha?)* | *Abaniki lukhathalelo basekuhlaleni namagosa ophuhliso loluntu,*<br>*IMibutho yeNkolo, iinkokheli zemveli abafundi abadala*<br>*Oonontlalontle/abaCebisi*<br>*Oogqirha*<br>*Abongikazi*<br>*Abamelwane*<br>*Amanye amasebe karhulumente abandakanyekayo* |
| *Ukuphakamisa ukubaluleka kwemisebenzi yokufunda nokufundisa okusemgangathweni* | *Ukuququzelela ukwenyuka kwinani labafundi ababa nomdla kwaye abaqhuba kakuhle kwezeNzululwazi, iMathematika nezoCwangciso-mali ngokuseka imibutho "yabanomdla" njengemibutho yemathematika.* | *Amagcisa omsebenzi adla umhlalaphantsi*<br>*Abafundi bakwiiKholeji naseziYunivesiti*<br>*Amalungu emibutho yeNkolo namalungu oluntu nabafundi abadala* |

| Yintoni ekufuneka yenziwe? | Yenziwa njani? | Ngubani omakabandakanywe? |
|---|---|---|
| *Ukuseka umkhwa wemisebenzi yezemidlalo nenkcubeko ukuxhasa ukufunda nokufundisa okusemgangathweni* | *Ukuqinisekisa ukuba kukho itheyibhule yexesha yemisebenzi enganxulumananga nokufunda iincwadi kuqukwa iintlobo zeekhowudi zokufunda nemisebenizi yenkcubeko. Iiklabhu kufuneka ziquke iiklabhu zomlaba-laba , iiklabhu zomdaniso njalo njalo* | *Ootitshala*<br>*Amalungu oluntu makavolontiye* |
| *Ukuhlanganisela inkxaso yemfundo nokuvolontiya kwimisebenzi yesikolo* | *Ukuqalisa iintlanganiso zokudibana kusekwa iimeko ezivumayo nezinempilo zokufunda nokufundisa*<br>*Ukunyusa ingxowa yesikolo yezikim zokutya okanye amathala eencwadi ukuququzelela ululeko, ukucetyiswa nenkxaso yabafundi abaneengxaki zokuziphatha*<br>*Ukuqalisa izitiya zokutya phakathi esikolweni*<br>*Ukuqalisa iprojekithi yokuvolontiya yokulungiswa kwezinto ezonakeleyo, ukupeyinta nokucocwa kwesakhiwo namabala esikolo*<br>*Ugcino lwezinto ezisisiseko zesikolo namabala okudlala* | *Amaqumrhu ezolimo oluntu*<br>*Urhulumente wengingqi*<br>*ILungu lemibutho yenkolo*<br>*Abacebisi*<br>*Uluntu loshishino*<br>*Iinkokheli zemveli* |

## Yintoni engenziwa ngabazali ukunceda ukuphumeza ukufunda okusemgangathweni

- Xela ukungezi esikolweni okuphakathi kwabafundi nootitshala
- Dlala indima yakho yokuqinisekisa ukhuseleko esikolweni
- Phakamisa ukhuseleko lwesikolo, ipropati yesikolo nokukhuseleka kwabafundi nootitshala. Ukuba ngaba ubona into engaqhelekanga esikolweni, yixele koogunyaziwe ababandakanyekayo
- Qiniseka ukuba ipropati yesikolo ibuyiselwa esikolweni
- Volontiya ngexesha lakho ukunceda ukulungisa iidesika okanye izitulo okanye volontiya ngokunceda ulungise izinto ezisisiseko
- Volontiya ngexesha lakho uncede ekwenziweni okanye kulondolozo lwesitiya sesikolo
- Dala izithuba ezikhuselekileyo, nezinokhuselo zokufunda kuluntu – sekani imibutho yokwenza umsebenzi wesikolo wasekhaya nokufunda mibutho leyo eyonganyelwayo
- Xela naziphi na iimpawu zophatho gadalala lwabantwana okanye ukungahoywa kuluntu okanye imizi ephethwe ngabantwana ukuze bancedwe
- Volontiya uncede ootitshala ngokumamela abafundi befunda eklasini
- Amalungu oluntu anokuba yimithombo egqwesileyo yolwazi kubafundi kuluhlu lwezihloko, ukuqala kwiiNgcali zeNgingqi ezinokuza kunika iintetho eklasini okanye lungiselela utyelelo olunxulumene nento efundiswa abafundi uye kumashishini engingqi

## Isikolo singaluxhasa njani uluntu?

Kukwabaluleke kakhulu ukuba isikolo soluntu kube khona into esiyinika uluntu. Ukuba inqununu, ootitshala nabantwana babonwa njengabavumayo ukuqalisa okanye ukuxhasa iinzame zoluntu, amalungu oluntu ayakukhuthazeka nangakumbi ekubeni axhase kwaye abandakanyeke ekuxhaseni isikolo.

**Ikomiti yesikolo ye-QLTC SGB inokuthathela ingqalelo o koku kulandelayo:**

- Ukuqalisa iprojekithi yesititya soluntu esikolweni ukunceda ekunikeni uluntu izakhono nokunika ukutya nengeniso kubantu abangasebenziyo apho nabafundi nabo banokuthaba inxaxheba
- Ukuhlanganisa abafundi abaminyaka ifanelekileyo ukunceda ukukhathalela amalungu amadala kuluntu – umzekelo ukuqalisa iphulo lokwaMkela uMakhulu/uTatomkhulu ekhuthaza abantu abatsha ukuba bancede abantu abadala ngokucoca rhoqo amakhaya abo, ukubayela ezivenkileni okanye ukubafundela
- Ukuhlanganisa abafundi nootitshala ukuba bathabathe inxaxheba ekucocweni kwendawo yoluntu, ukutyala imithi njalo njalo ukuze uluntu lubone ukuba isikolo sizimisele ekwenzeni umahluko
- Ukukhuthaza amalungu oluntu ukuba afunde ukufunda nokubhala oko ekwenza ngenkqubo ye-Kha Ri Gude. Qhagamshelana nomLungelelanisi we-Kha Ri Gude kummandla wakho uze unikele ngezakhiwo zesikolo emva kokuphuma kwesikolo njengendawo yokufundela.
- Ukuba ngaba isikolo sakho sinezixhobo zekhompyutha, ququzelela uqeqesho lwekhompyutha lwamalungu oluntu
- Yila i-database yabafundi bangaphambili besikolo. Bakhuthaze ukuba babonise umdla esikolweni, umzekelo, ngokuba zizibonelo kubafundi ngabanye okanye ukwamkela abafundi abahluphekayo
- Sebenza ngokusondeleyo nethala leencwadi loluntu. Khuthaza abafundi abafanelekileyo ukuba banikele ngexesha labo baqhube amaqela okufunda iincwadi okanye amaqela okufunda kwithala leencwadi
- Mema amalungu olutu kwimisitho yesikolo, kuqukwa imidlalo yesikolo nemiboniso yesikolo nokwenziwa sisikolo



## Indlela ekunokubandakanywa ngayo abazali kwimfundo yabantwana babo

| **Izicwangciso zokuhlanganisa abazali ukuba baxhase ukufunda nokufundisa okusemgangathweni** |
| --- |
| Abazali bethu abaninzi abakhululeki xa besezikolweni zabantwana babo kwaye benziwa bazive bengamkelekanga ziinqununu nootitshala. Kaninzi abazali baziva bengaxhotyiswanga kwaye bengenawo amandla ngokuphathelene nokufunda kwabantwana babo ngenxa yoko baziva bengenayo into abakwazi ukwenza ngayo igalelo okanye bazame ukuzibandakanya kubomi besikolo. |

| **Ukubandakanyeka kwabazali kwanabo abakhathalela imfundo yabantwna babo** |
| --- |
| Enye yezinto ezibalulekileyo kakhulu ekuphakamiseni nasekomelezeni umkhwa wokufunda nokufundisa kuluntu kukucenga abazali kwanabo bakhathalela abantwana ekubeni babenendima ebalulekileyo ekufuneka bayidlale ekufundeni kwabantwana babo ngokunjalo nabanye.<br><br>Ikomiti yesikolo ye-QLTC (SGB) kufuneka iphakamise ikhuthaze ukuthabatha inxaxheba kwabazali. |



Ukwaziswa kwe-QLTC yePhondo lase, Meyi 2011

## IZIFUNDO ZE-FET (AMABANGA 10-12)

| | | |
|---|---|---|
| **Ezinyanzelekileyo**<br>• ULwimi oluNye olusemThethweni kwiNqanaba loLwimi lweNkobe | • ULwimi oluNye olusemThethweni kwiNqanaba loLwimi lokuQala oloNgezelelweyo | • UQhelaniso loBomi<br>• Imathematika okanye iLitheresi ye-Maths |
| **Ezinganyanzelekanga**<br>• IZenzo zoLawulo lwezoLimo<br>• IiNzululwazi zoLimo<br>• UbuChwepheshe bezoLimo<br>• IziFundo zoMdaniso<br>• Uyilo<br>• UbuGcisa beDrama<br>• Umculo<br>• UbuGcisa obuBonwayo<br>• Ezocalulo-mali<br>• Izifundo zoShishino<br>• Ezoqoqosho<br>• Arabic uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Language<br>• French uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• German uLwimi lweNkobe<br>• German uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Gujarati uLwimi lweNkobe<br>• Gujarati uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Gujarati uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo | • I-Hebrew uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Hindi uLwimi lweNkobe<br>• Hindi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Hindi uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Italian uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo 11 iiNdaba zeKharityhulam<br>• Latin uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Portuguese uLwimi lweNkobe<br>• Portuguese uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Portuguese uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Spanish uLwimi lweSibini oloNgezelelweyo<br>• Tamil ULwimi lweNkobe<br>• Tamil uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Tamil uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Telegu uLwimi lweNkobe | • ITelegu uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Telegu uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• Urdu uLwimi lweNkobe<br>• Urdu uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo<br>• Urdu uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo<br>• UbuChwepheshe bezoluNtu<br>• UbuChwepheshe bezoMbane<br>• UbuChwepheshe bezokuLungisa<br>• ImiFanekiso noYilo lobuNjineli<br>• IJografi<br>• Ezembali<br>• IziFundo zeNkolo<br>• UbuChwepheshe bokuSetyenziswa kweKhompyutha<br>• ULwazi lweKhompyutha<br>• IiNzululwazi zoBomi<br>• IiNzululwazi zeFiziksi<br>• IiNzululwazi zabaThengi<br>• IziFundo zikuNxulumene neeNdwendwe<br>• Ukhenketho |

## Iyintoni indima yam njengomzali?

- Abazali bayakhuthazwa ukuba baxoxe ngeendlela zokhetho ezahlukeneyo nabantwana babo ukuqinisekisa ukuba benza ukhetho lwezifundo ezichanekileyo.
- Abazali banokunceda abantwana babo baqokelele ulwazi ngemisebenzi enokulandelwa eyahlukeneyo kunye nezifundo eziyimfuneko kunye nokupasa kwe-NSC kwebanga le-12 abayakukufuna.
- Esi sisigqibo esibaluleke kakhulu esiya kuba neempembelelo kwikamva lomfundi, ingakumbi kwimisebenzi abafuna ukuyilandela abanokuyikhetha.
- Abazali banokuncedisa abantwana babo ukukhetha izifundo ngokuxhomekeke ekubeni yintoni anomdla wokuyenza umntwana okanye uhlobo lomsebenzi anokucinga ukuwulandela umntwana.
- Phantse zonke iintlobo zengqesho zifuna uqeqesho. Imfundo engaphaya kwaye iiKoleji zoQeqesho neeYunivesiti zifuna ukuba abafunndi babe nendibaniselwano ethile yezifundo ukuze bafunde ngokungaphaya.
- Kubaluleke nangakumbi ukufumanisa kwabafundi ukuba bafuna imathematika okanye ilitheresi yemathematika ukuze bafunde ngokungaphayar.
- Abazali kufuneka baye kuMbutho oLawula iSikolo bayokucela ukuba isikolo siqokelele ulwazi olungaphaya olumalunga neendlela zokufunda ngokungaphaya kunye nemisebenzi enokulandelwa kwiSithili, iPhondo okanye kwiiKholeji ze-FET kunye/okanye kwiiYunivesiti.



ensuring quality learning and teaching for all

*Amacebo abazalis*

# Ukuqonda iKharityhulam

*Funda oku*

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## Yintoni ikharityhulam?

Ikharityhulam imisela ukuba yintoni emayifundiswe ngootitshala kunye nokuba yintoni emayifundwe ngabafundi, kwaye igqibe nangokuba yintoni emayihlolwe. Ngamanye amagama, ikharityhulam imisela ulwazi/okuqulethwe sisifundo esithile kunye nokuba luhlobo olunjani lohlolo okanye lovavanyo omalusetyenziswe ukulinganisa ukuba ingaba abafundi bayakuqonda na okuqulethweyo kwaye bayakwazi ukukusebenzisa oko bekwenza ngemisebenzi eyahlukeneyo. Kwakhona ngamanye amaxesha iqaqambisa uhlobo lwezakhono kunye neenqobo ezisemgangathweni ekufuneka ziphuhle kubafundi.

Ilizwe ngalinye ehlabathini linekharityhulam yesizwe ezama ukumisela wonke umntu obandakanyekayo kwezemfundo ukuba hlobo luni lolwazi, izakhono kunye neenqobo ezisemgangathweni ekufuneka babe nazo abantwana xa begqibile ukufunda. Ikharityhulam yelizwe ngalinye yakhiwe ngeemfuno kunye neenkolelo zolo luntu lukhethekileyo.

## Yintoni iNgxelo yeKharityhulam yeSizwe yaseMzantsi Afrika?

INgxelo yeKharityhulam yeSizwe (National Curriculum Statement) (NCS) yinkqubo yekharityhulam ebanzi, esesikweni ekufuneka ilandelwe libanga ngalinye ukusukela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. I-NSC ikhombisa inani lezifundo ezenziwayo kwibanga ngalinye, okuqulethweyo kunye nezakhono ezizakufundiswa kwaye zifundwe kunye nokuba kufuneka zihlolwe njani ezi. I-NCS ikwachaza neemfuneko zokunyuselwa kwisifundo ngasinye, kwibanga ngalinye.

**INgxelo yoMgaqo-nkqubo woHlolo weKharityhulam (Curriculum Assessment Policy Statement)**, (CAPS), licandelo le-NSC. La maxwebhu aziswe nguMphathiswa weMfundo esiSiseko ukuze akhokele ukufundisa kunye nokufunda kwiklasi nganye kwisikolo ngasinye sikarhulumente eMzantsi Afrika.

I-CAPS ixela into efundiswayo kunye nefundwayo kwisifundo ngasinye, kwibanga ngalinye ukuqala kwibanga R ukuya kwele-12. Amaxwebhu e-CAPS kwisifundo ngasinye akwakhokela ootitshala ukuba basihlole njani na esa sifundo sithile kumabakala awohlukeneyo ekota kunye nawonyaka.

Ulungiselelo lwamaxwebhu e-CAPS luquka utshintsho kwizifundo ezingama-76 kumanqanaba awohlukeneyo kunye nenguqulo/ukuguqulelwa kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni.

## Bangafikelela njani abazali kumaxwebhu e-CAPS?

Ukuze uqonde ukuba bafundiswa ntoni abantwana bakho kwaye kufuneka bafunde ntoni kwiBanga ngalinye, ungafumana amaxwebu e-CAPS kwiwebhusayithi yeSebe leMfundo esiSiseko ku- website: www.education.gov.za

Okanye unokucela inqununu kunye nootitshala bezifundo ukuba bakucacisele wena kunye nabanye abazali abanomdla i-CAPS.

## Luyakuqaliswa nini utshintsho lwekharityhulam?

Ngo-2012, i-CAPS iyakuqaliswa kwiSigaba sabaseZantsi (amaBanga R ukuya kwelesi-3) kunye nakwiBanga le-10. I-CAPS iyakuqaliswa kwiSigaba eSiphakathi (amaBanga ele-4 ukuya kwele-6) nakwiBanga le-11 ngo-2013 kwaye kwiSigaba esiPhezulu (amabanga elesi-7 ukuya kwele-9) kunye neSigaba se-FET (ibanga le-12) ngo-2014.

## Zeziphi izifundo azakuzenza umntwana wam njengenxenye ye-NSC?

## KWISIGABA SABAQALAYO, AMABANGA R ukuya kwelesi-3 (ukuqala ngo-2012)

- *IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lweNkobe*
- *IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lokuQala oloNgezelelweyo*
- *IMathematika*
- *IzaKhono zoBomi*

*Qaphela: ULwimi lokuQala oloNgezelelweyoluyakuqalwa kwiBanga loku-1 ngo-2012 ukwandisa izakhono zomfundi zolwimi lwesiNgesi.*

## ISIGABA ESIPHAKATHI, AMABANGA ELE-4 ukuya kwelesi–6 (ukuqala ngo-2013)

- IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lweNkobe
- IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lokuQala oloNgezelelweyo
- IMathematika
- IiNzululwazi zeNdalo nobuChwepheshe
- IiNzululwazi zeNtlalo
- IzaKhono zoBomi

Qaphela: ukuqala ngo-2013,abafudni bazakwenza izifundo ezithandathu endaweni yezisibhozo ukwenzela ukuba kubekho ixesha lokwandisa izakhono zolwimi kunye nemathematika zabafundi.

## ISIGABA ESIPHEZULU (AMABANGA ELE-7 ukuya kwele–9) ukuqala ngo-2014

- IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lweNkobe
- IiLwimi ezisemThethweni kwiNqanaba loLwimi lokuQala oloNgezelelweyo
- IMathematika
- IiNzululwazi zeNdalo
- UChwepheshe
- IiNzululwazi zeNtlalo
- UQhelwaniso loBomi
- UbuGcisa neNkcubeko
- IiNzululwazi zoLawulo loQoqosho

## UKHETHO LWEZIFUNDO KWIBANGA LE-10 ukuya kwele–12 KUNYE NEMISEBENZI ENOKULANDELWA KWIXESHA ELIZAYO

**Ukuze ufumane iSitifiketi esiPhezulu seSizwe sebanga le-12, abafundi kufuneka babe nezifundo EZISIXHENXE – ezinye zinyanzelekile zize ezinye babe nokukhetha kuzo Ekupheleni kwebanga le-9,** Abafundi mabenze ukhetho lwezifundo. Abafundi kuya kufuneka ukuba bakhethe **izifundo ezine ezinyanzelekileyo –**

- ULwimi oluNye olusemThethweni kwiNqanaba loLwimi lweNkobe;
- uLwimi oluNye olusemThethweni kwiNqanaba loLwimi lokuQala oloNgezelelweyo;
- IMathematika okanye iLitheresi ye-Maths Literacy kunye
- UQhelwaniso loBomi

**Abafundi mabakhethe kwakhona izifundo ezithathu ezinganyanzelekanga amabazifunde. Kwezi ubuninzi beelwimi ezimbini ezongezelelweyo bunokukhethwa.**

## Abazali bangabanceda njani abantwana ukuba balungiselele i-ANA kunyaka ozayo?

Into ebalulekileyo emayikhunjulwe kukuba i-ANA ayiyo yokwenyusela okanye yokusiwa kwiBakala elilandelayo yiloo nto ke iimvavanyo zingenziwa ekupheleni konyaka. I-ANA yenzelwe ukunceda utitshala womntwana wakho ukuba alinganise inkqubela yomfundi kwaye asebenzise iindlela ezingcono zokumceda ukuba aphucuke.

Kubaluleke kakhulu ukuba abazali babandakanyeke kwimfundo yabantwana babo.

Nazi iindlela zokubenza ukuba babe phambili esikolweni:

- Kufuneka umkhuthaze umntwana wakho, nokuba isiphumo sithinina. Ukuba ngaba abafundi banazo iingxaki, i- ANA iyakunceda ootitshala babo babone ukuba zeziphi na ezona ndlela zingcono zokubanceda.
- Funda nomntwana wakho rhoqo kangangoko kunokwenzeka ukubabonisa ukuba kunokuba mnandi ukufunda.
- Balisela umntwana wakho amabali osapho uze umkhuthaze naye ukuba akubalisele amabali angosuku lwakhe.
- Sebenzisa incwadi yomntwana wakho yemisebenzi ukubenza baziqhelanise nokubala, ukuthabatha neemilo.
- Thetha nomntwana wakho ngezehlo zosuku. Mkhuthaze ukuba athethe ngomdla wakhe, abahlobo, iincwadi azithandayo neenkqubo zikaMabonakude (TV).
- Zibandakanye nomsebenzi wasekhaya womntwana wakho. Oku kuyakwenza ukuba uqonde into ayenzayo esikolweni kwaye umkhuthaze.
- Cela umntwana wakho ukuba akubonise iincwadi zakhe zemisebenzi zelitheresi nezolwazi lokubala rhoqo. Izikolo mazivumele abantwana ukuba baye nazo ekhaya rhoqo ezi ncwadi. Unokubuza umntwana wakho ngomsebenzi othile awenzileyo kwincwadi yakhe yemisebenzi okanye akucacisele amabali okanye imifanekiso kwincwadi yemisebenzi.

**Iziko eliTsalelwa imiNxeba: 0800 202 933**

**IWebhusayithi: www.education.gov.za**



ensuring quality learning and teaching for all

## ISIKHOKELO SABAZALI

# UHlolo loNyaka lweSizwe
Annual National Assessments (ANA)

## Funda oku

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Ukuqala ngo-2011, ngoFebuwari wonyaka ngamnye, iSebe leMfundo esiSiseko lizakuseta iimvavanyo kwilitheresi nolwazi lokubala zabo bonke abafundi abakumaBakala eloku-1 ukuya kwele-6 nele-9. Ezi mvavanyo zaziwa ngokuba luHlolo loNyaka lweSizwe (Annual National Assessments) okanye i-ANA kwaye ziyakuvavanya izakhono zabafundi ngokusekelwe kwibakala lonyaka ongaphambili.



NgoFebuwari ka-2011, bonke abafundi ebebekumaBakala eloku-1 ukuya kwele-6 kwizikolo zikarhulumente ngo-2010 babhale uHlolo loNyaka lweSizwe (Annual National Assessments) (ANA) okokuqala kwimbali yoMzantsi Afrika. Phantse ibe zizigidi ezi-6 zabafundi kwilizwe lonke babhale ezi mvavanyo.

Umzekelo – Ukuba umntwana wakho ukwiBakala le-3 ngo-2011, ulubhalile uvavanyo lwe-ANA ukuvavanya ukuba uphuhle izakhono na kwiBakala lesi-2 ngo-2010 njalo. njalo.

## Kutheni iSebe liseta ezi mvavanyo?

UMphathiswa weMfundo esiSiseko, uNksk Angie Motshekga, MP kunye noRhulumente bazimisele ekuphuculeni amanqanaba ezakhono zelitheresi nolwazi lokubala zabafundi bethu. UMphathiswa umisele ujoliso lokuphucula ngo-2014.

## Iyakusetyenziselwa ntoni i-ANA?

I-ANA ayiyikusetyenziselwa ukudlulisela phambili okanye ukonyusela kusiwe kwelinye ibakala. Endaweni yoko sisixhobo sootitshala sokufumanisa ukuba ingaba umntwana ngamnye uphuhlile na izakhono zelitheresi kunye nezolwazi lokubala kwibakala elithile kunye nokuba ingaba uyalufuna na uncedo olungaphaya okanye hayi.

Ootitshala bayakusebenzisa iziphumo ze-ANA ukucwangcisa izifundo zabo kwaye ziyakubabonisa ukuba zeziphi na iinkalo zokufunda abafundi abathile okanye iklasi yonke abafuna uncedo olungaphaya kuzo.

Kwakhona, i-ANA iyakunceda iSebe lifumanise ukuba zeziphi na izikolo ezifuna uncedo ukuba iziphumo zazo ze-ANA zibi kwisikolo sonke okanye kwiklasi ethile. ISebe lizawukwazi ukukwenza oku kuba zonke iziphumo ze-ANA ezivela kwilizwe lonke zizakuthunyelwa kwiSebe.

## Ngubani oseta i-ANA?

Iphepha ngalinye lemibuzo le-ANA lisetwa liSebe leMfundo esiSiseko ePitoli ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana kwibakala ngalinye kwilizwe xa lilonke banovavanyo olufanayo.

## Ikorekishwa njani i-ANA?

I- ANA yonganyelwa kwaye ikorekishwe ngootitshala, kuze ke ukukorekishwa oko kukhangelwe ziziThili. Kwinqanaba lesizwe, i-DBE iyakukhangela kwakhona amaphepha okuphendula abafundi (amiselwe umda kumaBakala ele-3 nele-6) ukukhangela ukuba kukorekishwe ngokufanayo na kuzo zonke izithili kunye namaphondo.

## Ingaba abazali bazakwaziswa ngeziphumo zeemvavanyo?

Kufanele ukuba abazali sele bezinikiwe iziphumo zabantwana babo ze-ANA ze-ANA ka-2011. Abazali bayakunikwa iziphumo zabantwana babo nyaka ngamnye sisikolo. Ukuba ngaba awuzifumananga iziphumo zomntwana wakho ze-ANA, nceda uqhagamshelane notitshala okanye inqununu yesikolo msinyane kangangoko unako. Kwakhona ukuba unayo nayiphi na imibuzo malunga neziphumo zomntwana wakho ze-ANA, yenza ulungiselelo lwexesha uyokuxoxa ngokusebenza komntwana wakho nenqununu okanye utitshala obandakanyekayo. Kufuneka bakuxelele ukuba bazakumnceda njani na umntwana wakho aphucule iziphumo zakhe.

## Kutheni i-ANA isenzeka ekuqaleni konyaka hayi ekupheleni kwawo?

Kubalulekile ukuqonda ukuba i-ANA ayiyoyokuphumela okanye ukungaphumeleli ibakala. Ezi ayizomvavanyo okanye iimviwo zokuphela konyaka. Endaweni yoko zikhona ukuba zincede utitshala omtsha womntwana wakho afumanise ukuba unokusebenza kakuhle kangakanani na umntwana wakho kwimibuzo ethile kunye nokuba ziphuhlile na izakhono ezifunekayo ukuba aqhube kakuhle kwibakala.

Kufuneka ingakukhathazi into yokuba umntwana wakho unokuba ulibele izinto zinyaka ongaphambili. I-ANA ivavanya ukuba ingaba umntwana wakho angenza imisebenzi ethile.

Kwakhona isigaba sokuqala seencwadi zemisebenzi zelitheresi nolwazi lokubala zinikwa nyaka ngamnye ziqala ngecandelo elikhumbuza ukuba yintoni eyenziwe ngumntwana wakho kunyaka ongaphambili.

## Ingaba sowumbhalisele iBakala R umntwana wakho?

**IBakala R libaluleke kakhulu ukunceda abantwana baphuhle izakhono ezisisiseko zokufunda ngempumelelo kwixa elizayo.**

### Kufuneka aye xa eneminyaka emingaphi umntwana wam kwiBakala R?

Abantwana kufuneka babe neminyaka emi-5 ngowama-30 Juni ukuze bafaneleke ukuba babhalisele iBakala R kwaye babe neminyaka emi-6 yobudala ngowama-30 Juni ukuze babhalisele iBakala loku-1.

### Kufuneka ndibe ndimbhalisele nini iBakala R umntwana wam?

Umhla wokubhalisa kwizikolo zikarhulumente zamabanga abasaqalayo ngowama-30 Septemba nyaka ngamnye.

### Kufuneka ndimbhalisele phi iBakala R umntwana wam?

Kwisikolo esikufutshane nalapho uhlala khona.

### Ngawaphi amaxwebhu ekufuneka ndiwaphathe ukuze ndibhalise umntwana wam?

- ISitifiketi sokuZalwa.
- IKhadi laseKliniki leziTofu.
- Ubungqina bendawo yokuhlala.
- Ikhadi lengxelo leziko ebefunda kulo ngaphambili (ukuba likhona).
- Amaphepha obugcini (ukuba akhona).




## Ukulungela ukuya esikolweni

**Iingcebiso zabazali zokulungiselela abantwana babo isikolo:**

Khuthaza umntwana wakho ukuba:

- Azinxibise, kuqukwa nokunxiba izihlangu.
- Avule kwaye avale umphako wakhe.
- Aziyele kwindlu yangasese.
- Ahlambe izandla zakhe xa ebuya kwindlu yangasese kunye naphambi kokutya.
- Adlale nabanye abantwana.
- Enze izinto ngesiqhelo, umzekelo. ukulala ngexesha elithile, ukutya ngamaxesha esiqhelo.
- Ukwenza izigqibo, umzekelo. unxiba ntoni, wenza ntoni,
- Ayiqhele indawo yakhe entsha emjikelezileyo – tyelela isikolo uze ubonise umntwana wakho izakhiwo nomhlaba wesikolo.

## Zilungiseleleni ngokudlala

- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba axele; amalungu awohlukeneyo omzimba wakhe, umzekelo:
- Intloko, umlenze, ingalo, isifuba, intamo njalo. njalo.
- Mncedise umntwana wakho aziqhelanise negama lakhe, igama lakho kunye nedilesi enihlala kuyo.
- Menze akuncedise ngemisebenzi yasendlini umntwana wakho – umzekelo ukupheka okanye ukuhlamba impahla – kwaye umenze akuxelele ukuba kokuphi okuza kuqala ize ibe kokuphi okulandelayo.
- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba achonge imibala eyahlukeneyo yezinto ezingaphakathi nezingaphandle.
- Cela umntwana wakho ukuba ahlele izinto ngokwamaqela ombala ofanayo (umzekelo izityalo, iintyatyambo, njalo. njalo).
- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba achonge iimilo ezahlukeneyo kwikhaya lakho – izangqa, izikwere, oonxantathu.
- Yenza ukuba umntwana wakho athelekise izinto ezizisayizi ezahlukeneyo aze akuxelele ukuba yeyiphi enkulu okanye encinane.
- Yenza ukuba umntwana wakho athelekise izinto ezinamanani awohlukeneyo aze akuxelele ukuba yeyiphi engaphezulu kwaye iyeyiphi esezantsi.
- Usebenzisa iziqulathi ezizisayizi ezahlukeneyo kuthaza abantwana ukuba balinganise ukuba yeyiphi enkulu iyeyiphi encinane usebenzisa amanzi okanye isanti.
- Culani amaculo okanye amaculo asekhritshi kunye kwaye ubakhuthaze ukuba baqhwabe izandla ngethuba ngokuhambelana nesingqi.
- Balisela umntwana wakho amabali uze umenze abandakanyeke ngokubuza imibuzo efana nokuba “Ucinga ukuba yintoni elandelayo eyenzekayo?”
- Khuthaza umntwana wakho ukuba asebenzise iikhrayoni okanye iipensile kwaye azobe iimilo okanye afake imibala.

## GAPHANDLE NAKOKUJIKELEZILEYO

- Xa uhamba phandle, cela umntwana wakho ukuba ajonge imiqondiso okanye izinto eziqala ngonobumba othile wegama. Emva kweendawo ezintlanu azifumene ngempumelelo, wutshinsthe unobumba.
- Xa niphandle, cela umntwana wakho ukuba afumane kwaye abeke kwiqela elinye izinto ezinemibala okanye imilo okanye isayizi efanayo.
- Mbandakanye umntwana wakho ekwenzeni uluhlu lwezinto ekufuneka ziyokuthengwa evenkileni kunye naxa nithenga izinto evenkileni, amenze ukuba aphawule izinto kuluhlu esele nizifakile ebhaskithini.
- Thetha nomntwana wakho ngezehlo zosuku. Mkhuthaze ukuba athethe ngomdla wakhe, abahlobo, iincwadi azithandayo neenkqubo zikaMabonakude (TV).
- Dlalani u "Ndiyacupha". Yithi "Ndicupha ngeliso lam elincinane into eqala ngesandi 't'", umzekelo u't' umele l"tafile" uze umcele ukuza azame ukuqikelela into. Kwenze oku kwizandi ezahlukeneyo.
- Khuthaza umntwana wakho ukuba azimanye nethala leencwadi kwaye umkhaphe. Ngumsebenzi ongabhatalelwayo ongenziwa lusapho xa lulonke.

## ULUHLU LOKUKHANGELA LWESIGABA SESISEKO

**Kweli bakala umntwana wakho kufuneka abe uyakwazi uku:**

- Bhala izivakalisi ezilula.
- Ukumamela imiyalelo kwaye aphendule.
- Ukudibanisa okanye ukuthabatha amanani anomvo omnye njengesi-5 kunye nesi-8 kunye namanani anemibvo emibini njenge-11 nama-24.
- Ukubala ngeziphindwa zesi-2, 5 ne-10 (ngoko ke isi-2 xa siphindwe ka-3 senza isi-6 okanye isi-5 xa siphindwe ka-4 senza ama-20).
- Ukuchonga iipateni (umzekelo imibala, iimilo okanye iimathiriyeli).
- Ukufunda ekhwaza nangokuzimeleyo.
- Ukufunda umbhalo wakhe.






# Iingcebiso zabazali

# Ukuba umntwana wakho ukumaBakala ele-4 ukuya kwelesi-6

## Funda oku

ensuring quality learning and teaching for all

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## Ungamnceda njani umntwana wakho ukuba aphucule izakhono zakhe zolwazi lokubala?

**Incwadi yomntwana wakho yemisebenzi iyakuba luncedo olukhulu kuwe ukuze ubone ukuba ufunda ntoni na. Makakubonise ukuba ebesenza ntoni na eklasini yonke imihla.**

### EKHAYA

- Sebenzisa incwadi yomntwana wakho yemisebenzi ukumenza aziqhelanise nokubala, ukuthabatha neemilo.
- Deka itafile ubala inani leemela, iifolokhwe neepleyiti.
- Makakuncedise ngokupheka – Sebenzisa iikomityi ukulinganisa umgubo okanye amanzi okanye balani inani lemifuno.
- Yenza umntwana wakho ukuba akuncede ngokuhlela impahla ezakuhlanjwa. Abeke izinto ezinemibala efanayo kunye. Kwaye ukubeka izinto ngezibini kuyakumnceda ngezakhono zokuhlela kunye nezokubala.
- Sebenzisa imicinga yematshisi, izinti okanye iziciko zeebhotile ukudibanisa, ukuthabatha okanye ukwenza iimilo.
- Thethani ngexesha. Zama ukumenza azame ukubala iintsuku neeveki. Umzekelo, ngoMvulo kuzakulalwa kane de ibe ngolwesiHlanu.
- Emva kwexesha lokuhlamba umzimba, balani iminwe neenzwane ngexa ehlamba kwaye esosula phakathi kwayo.
- Zoba amachokoza kwiphepha uze ucele umntwana wakho ukuba awadibanise, esenza iimilo ezifana noonxantathu, izikwere nezangqa.
- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba abale ukuba yeyiphi enkulu iyeyiphi encinane okanye engaphezulu okanye engaphantsi esebenzisa izinto ezisekhaya.
- Yenza ipakethe yamakhadi aneenombolo okanye amachokoza kuwo ukuze aziqhelanise nokudibanisa kunye nokuthabatha.

### GAPHANDLE NAKOKUJIKELEZILEYO

- Esuphamakethe, mkhuthaze umntwana wakho ukuba abale inani lezinto ezikwibhaskithi yakho yokuthenga.
- Xa uthenga, yenza ukuba umntwana wakho akhethe izinto ngokuthelekisa amaxabiso okanye iisayizi ngokubunzima umzekelo ipakethe encinane/elula yomgubo.
- Xa nihamba mkhuthaze umntwana wakho  ukuba alingansie umgama ngokubala inani lamanyathelo awathathayo.
- Xa nisebenzisa isithuthi sikawonke-wonke, mbandakanye umntwana wakho ekubaleni imali yokukhwela. Oku kuyakunceda izakhono zakhe zokubala.
- mntwana wakho. Ukuba ngaba nihamba phandle kwaye abone inombolo yesihlanu, umntu wokuqala oyikhwazileyo uphumelele.
- Dlalani imidlalo yokutsiba eyakwenza ukuba umntwana wakho abale.



## Ungamnceda njani umntwana wakho ukuba aphucule izakhono zakhe zelitheresi?

**Incwadi yomntwana wakho yemisebenzi yelitheresi iyakuba luncedo kakhulu kuwe ukuze ubone ukuba yintoni na abayifundayo. Makakubonise ukuba yintoni ebeyenza eklasini yonke imihla kwaye nithethe ngamabali abawafunde kwincwadi yemisebenzi.**

### EKHAYA



- Funda nomntwana wakho rhoqo kangangoko unokuba nako ukubabonisa ukuba ukufunda kunokuba lulonwabo.
- Balisela umntwana wakho amabali osapho uze umkhuthaze naye ukuba akubalisele amabali angosuku lwakhe.
- Cela oomakhulu nootatomkhulu okanye amalungu asele emadala asekuhlaleni ukuba abalisele abantwana amabali kwaye ababuze imibuzo efana nokuba “Ucinga ukuba kwenzeka ntoni ke ngoko?”
- Faka iilebhule kuyo yonke into kwikhaya lakho njengakwizitulo, iitafile njalo. Njalo kwaye ukhuthaze umntwana wakho ukuba azifunde ekhwaza iilebhule.
- Libize livakale. Yitsho igama ngokwezigaba ukzue umntwana wakho aqonde ukuba adityaniswa njani na njenge “L…anga” okanye “ifes…tile”.
- Ziqhelanise nesandi solwimi. Fundisa abantwana bakho iimvano-siphelo, izibong ezifutshane kunye namaculo uze usebnzise izinto zasendlini ezifana neenkonkxa/iimbiza ukukahlisa izingqi.
- Usebenzisa ifoto okanye umfanekiso, yenza ukuba umntwana wakho akuxelele ukuba yintoni esemfanekisweni kwaye aqambe ibali.
- Thathela ingqalelo ixesha lokufunda losapho ngokubekela ecaleni imizuzu eli-15 suku ngalunye apho usapho lufudna kunye.



- Usebenzisa iphepha-ndaba okanye imagazini, ncedisa umntwana wakho ukwenza incwadi yamabali kwaye akubalisele ibali.
- Qokelela amaphetshama kwiisuphamakethe okanye iintengiso ezikumaphepha-ndaba uze wenze ukuba umntwana wakho asike aze ahlele ngokwamaqela zonke izinto zasekhitshini, igumbi lokulala njalo. njalo.
- Yiya nomtwana wakho kwithala leencwadi loluntu kwaye kunye nizimanye nethala leencwadi nize nifumane iincwadi. Fumanisa ukuba likhona na ixesha lamabali abantwana kwithala leencwadi uze use umntwana wakho.

## NGAPHANDLE NAKOKUJIKELEZILEYO

- Xa uhamba phandle, cela umntwana wakho ukuba ajonge imiqondiso okanye izinto eziqala ngonobumba othile wegama. Emva kweendawo ezintlanu azifumene ngempumelelo, wutshinsthe unobumba.
- Xa niphandle, cela umntwana wakho ukuba afumane kwaye abeke kwiqela elinye izinto ezinemibala okanye imilo okanye isayizi efanayo.
- Mbandakanye umntwana wakho ekwenzeni uluhlu lwezinto ekufuneka ziyokuthengwa evenkileni kunye naxa nithenga izinto evenkileni, amenze ukuba aphawule izinto kuluhlu esele nizifakile ebhaskithini.
- Thetha nomntwana wakho ngezehlo zosuku. Mkhuthaze ukuba athethe ngomdla wakhe, abahlobo, iincwadi azithandayo neenkqubo zikaMabonakude (TV).
- Dlalani u "Ndiyacupha". Yithi "Ndicupha ngeliso lam elincinane into eqala ngesandi 't'", umzekelo u't' umele l"tafile" uze umcele ukuza azame ukuqikelela into. Kwenze oku kwizandi ezahlukeneyo.
- Khuthaza umntwana wakho ukuba azimanye nethala leencwadi kwaye umkhaphe. Ngumsebenzi ongabhatalelwayo ongenziwa lusapho xa lulonke.

## ULUHLU LOKUKHANGELA LWESIGABA SESISEKO

**Kweli bakala umntwana wakho kufuneka abe uyakwazi uku:**

- Bhala izivakalisi ezilula.
- Ukumamela imiyalelo kwaye aphendule.
- Ukudibanisa okanye ukuthabatha amanani anomvo omnye njengesi-5 kunye nesi-8 kunye namanani anemibvo emibini njenge-11 nama-24.
- Ukubala ngeziphindwa zesi-2, 5 ne-10 (ngoko ke isi-2 xa siphindwe ka-3 senza isi-6 okanye isi-5 xa siphindwe ka-4 senza ama-20).
- Ukuchonga iipateni (umzekelo imibala, iimilo okanye iimathiriyeli).
- Ukufunda ekhwaza nangokuzimeleyo.
- Ukufunda umbhalo wakhe.





ensuring quality learning and teaching for all

# Iingcebiso zabazali

# Ukuba umntwana wakho
## *ukumaBakala R ukuya kwelesi-3*
## *Funda oku*

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## Ungamnceda njani umntwana wakho ukuba aphucule izakhono zakhe zolwazi lokubala?

**Incwadi yomntwana wakho yemisebenzi iyakuba luncedo olukhulu kuwe ukuze ubone ukuba ufunda ntoni na. Makakubonise ukuba ebesenza ntoni na eklasini yonke imihla.**

### EKHAYA

- Sebenzisa incwadi yomntwana wakho yemisebenzi ukubenza baziqhelanise nokubala, ukuthabatha neemilo.
- Deka itafile ubala inani leemela, iifolokhwe neepleyiti.
- Makakuncedise ngokupheka – Sebenzisa iikomityi ukulinganisa umgubo okanye amanzi okanye balani inani lemifuno.
- Yenza umntwana wakho ukuba akuncede ngokuhlela impahla ezakuhlanjwa. Abeke izinto ezinemibala efanayo kunye. Kwaye ukubeka izinto ngezibini kuyakumnceda ngezakhono zokuhlela kunye nezokubala.
- Sebenzisa imicinga yematshisi, izinti okanye iziciko zeebhotile ukudibanisa, ukuthabatha okanye ukwenza iimilo.
- Thethani ngexesha. Zama ukubenza bazame ukubala iintsuku neeveki. Umzekelo, ngoMvulo kuzakulalwa kane de ibe ngolwesiHlanu.
- Emva kwexesha lokuhlamba umzimba, balani iminwe neenzwane ngexa ehlamba kwaye esosula phakathi kwayo.
- Zoba amachokoza kwiphepha uze ucele umntwana wakho ukuba awadibanise, esenza iimilo ezifana noonxantathu, izikwere nezangqa.
- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba abale ukuba yeyiphi enkulu iyeyiphi encinane oaknye engaphezulu okanye engaphantsi esebenzisa izinto ezisekhaya.
- Yenza ipakethe yamakhadi aneenombolo okanye amachokoza kuwo ukuze aziqhelanise nokudibanisa kunye nokuthabatha.



### NGAPHANDLE NAKOKUJIKELEZILEYO

- Esuphamakethe, mkhuthaze umntwana wakho ukuba abale inani lezinto ezikwibhaskithi yakho yokuthenga.
- Xa uthenga, yenza ukuba umntwana wakho akhethe izinto ngokuthelekisa amaxabiso okanye iisayizi ngokubunzima umzekelo ipakethe encinane/elula yomgubo.
- Xa nihamba mkhuthaze umntwana wakho ukuba alinganise umgama ngokubala inani lamanyathelo awathathayo.
- Xa nisebenzisa isithuthi sikawonke-wonke, mbandakaney umntwana wakho ekubaleni imali yokukhwela. Oku kuyakunceda izakhono zakhe zokubala.
- Dlanani umdlalo wokubona amanani nomntwana wakho. Ukuba ngaba nihamba phandle kwaye abone inombolo yesihlanu, umntu wokuqala oyikhwazileyo uphumelele.
- Dlalani imidlalo yokutsiba eyakwenza ukuba umntwana wakho abale.

## Ungamnceda njani umntwana wakho ukuba aphucule izakhono zakhe zelitheresi?

**Incwadi yomntwana wakho yemisebenzi yelitheresi iyakuba luncedo kakhulu kuwe ukuze ubone ukuba yintoni na abayifundayo. Makakubonise ukuba yintoni ebeyenza eklasini yonke imihla kwaye nithethe ngamabali abawafunde kwincwadi yemisebenzi.**

### EKHAYA



- Funda nomntwana wakho rhoqo kangangoko unokuba nako ukubabonisa ukuba ukufunda kunokuba lulonwabo.
- Balisela umntwana wakho amabali osapho uze umkhuthaze naye ukuba akubalisele amabali angosuku lwakhe.
- Cela oomakhulu nootatomkhulu okanye amalungu asele emadala asekuhlaleni ukuba abalisele abantwana amabali kwaye ababuze imibuzo efana nokuba "Ucinga ukuba kwenzeka ntoni ke ngoko?"
- Faka iilebhule kuyo yonke into kwikhaya lakho njengakwizitulo, iitafile njalo. Njalo kwaye ukhuthaze umntwana wakho ukuba azifunde ekhwaza iilebhule.
- Libize livakale. Yitsho igama ngokwezigaba ukzue umntwana wakho aqonde ukuba adityaniswa njani na njenge "L…anga" okanye "ifes…tile".
- Ziqhelanise nesandi solwimi. Fundisa abantwana bakho iimvano-siphelo, izibongo ezifutshane kunye namaculo uze usebenzise izinto zasendlini ezifana neenkonkxa/iimbiza ukukahlisa izingqi.
- Usebenzisa ifoto okanye umfanekiso, yenza ukuba umntwana wakho akuxelele ukuba yintoni esemfanekisweni kwaye aqambe ibali.
- Thathela ingqalelo ixesha lokufunda losapho ngokubekela ecaleni imizuzu eli-15 suku ngalunye apho usapho lufudna kunye.
- Usebenzisa iphepha-ndaba okanye imagazini, ncedisa umntwana wakho ukwenza incwadi yamabali kwaye akubalisele ibali.
- Qokelela amaphetshama kwiisuphamakethe okanye iintengiso ezikumaphepha-ndaba uze wenze ukuba umntwana wakho asike aze ahlele ngokwamaqela zonke izinto zasekhitshini, igumbi lokulala njalo. njalo.
- Yiya nomtwana wakho kwithala leencwadi loluntu kwaye kunye nizimanye nethala leencwadi nize nifumane iincwadi. Fumanisa ukuba likhona na ixesha lamabali abantwana kwithala leencwadi uze use umntwana wakho.



## Singazisebenzisa njani iincwadi zemisebenzi ekhaya?

Kufuneka umkhuthaze umntwana wakho ukuba akubonise incwadi yakhe yemisebenzi rhoqo ukuze ubone ukuba wenza ntoni esikolweni.

Usenokucela umntwana wakho ukuba akucacisele umsebenzi ebewenza esikolweni okanye umenze ukuba akufundele amabali okanye akucacisele ukuba kwenzeka ntoni emifanekisweni

## Yintoni endingayenza ukuba iyandikhathaza inkqubela yomntwana wam?

Kubalulekile ukubandakanyeka kwimfundo yomntwana wakho. Ukuba ngaba ukhathazekile ngayo nayiphi na indlela, lungiselela ukubona utitshala womntwana wakho okanye inqununu ukuze uxoxe ngokukukhathazayo.

## Ingaba ndingafumana iikopi ezingaphaya zeencwadi

Ewe. Zonke iincwadi zokusebenzela zinokufunyanwa kwiwebhusayithi yeSebe kwaye zinokudawunlodwa kwaye zishicilelwe simahla.

## Imiba ngeencwadi zokusebenzela



ensuring quality learning and teaching for all

**Amacebo abazali**

# ncwadi zokusebenzela

**Funda oku**

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## Umyalezo woMphathiswa

Siyavuyisana neKlasi ka-2011, ingakumbi abo basebenze kakuhle kwiimviwo zeSitifiketi seSizwe esiPhezulu. Ngexa uninzi lwenu luphumelele ekuphumezeni iinjongo ebeluzibekele lona esikolweni, basenokungaqiniseki ngokuba benze ntoni na. Ukongeza, abanye benu banokudaniswa ziziphumo zabo. Eli ayiloxesha lokunikezela. Zininzi iindlela ezivulekileyo kuni zokuba ningaziphucula iziphumo zenu okanye nikhethe amanye amakhondo emisebenzi eninokuwalandela.

Niqqibe okungenani iminyaka elishumi yokufunda eye yabiza kakhulu kuni, abazali benu, usapho kunye nelizwe. Kufuneka ninganikezeli ngoku, kodwa kufuneka nithathe uxanduva lokusebenzisa ithuba ngalinye elifumanekayo kuni lokuphucula amathuba enu obomi kwaye nibe negalelo kuMzantsi Afrika.

Sifuna ukuba nelizwe elinezakhiwo zangoku kunye noqoqosho oludlamkileyo kwaye apho umgangatho wobomi uphezulu khona. UMzantsi Afrika ujongene nokunqongophala okukhulu kwezakhono kwimimandla efana neyobunjineli kunye nezonyango, kodwa ke kufuneka nijonge neminye imisebenzi eninokuyilandela. Leliphi ilizwe elingaphumelela ngaphandle kwamagcisa, afana nabachweli okanye abatywini? Ukongeza kwwindlela zemveli zokufunda ngokungaphaya, ezifana neeyunivesithi kunye neeyunivesiti zobugcisa, kufuneka ucinge kwakhona ngeendlela zokhetho lomsebenzi ezifumanekayo kuwe, ezifana neekholeji zeMfundo noQeqesho ngokungaPhaya.

## Funda olu lwazi lulandelayo ngononophelo, luyakukunceda ngokhetho lwakho lwexa elizayo.

**Khumbula: Ukuba ngaba zikuphoxile iziphumo zakho, ungatatazeli okanye ucinge ukuba kufuneka ujongane noko ngokwakho. Funa icebo kunye nenkxaso kootitshala bakho okanye kubacebisi beSebe. Unokunqwenela kwakhona ukuqhagamshelana ne-CHILDLINE kwinombolo yabo engahlawulelwayo – 0800 055 555 – kwaye uyakukhonjwa ukuba uye kwi-ofisi yommandla efanelekileyo.**

## Ndisifaka njani isicelo sokukorekishwa kwakhona okanye ukukhangelwa kwamaphepha eempendulo eemviwo?

- Abo bebebhala iimviwo banokufaka isicelo sokukorekishwa kwakhona okanye ukukhangelwa kwamaphepha abo eempendulo eemviwo msinyane nje emva kokufumana iziphumo zabo.
- Umhla wokuvala kwizicelo zokukorekishwa kwakhona okanye ukukhangela nguMvulo, wama-23 Janyuwari 2012. Izicelo ezifike emva kwexesha ziyakwamkelwa de ibe ngowama-27 Janywari 2012.
- Iifom zezicelo zokukorekishwa kwakhona okanye ukukhangela amamphepha eempendulo zeemviwo ziyafumaneka ezikolweni okanye kumaziko apho abo bebebhala bebezibhalela khona iimviwo zabo.
- Imali ehlawulwayo ngama-R70 ngokukorekishwa kwakhona, li-R12 ngokukhangela kunye ne-R150 ngokulijonga kwakhona iphepha leemviwo. Phambi kokuba lijongwe kwakhona iphepha leemviwo kufuneka ukuba ukukorekishwa kwakhona kunye nokukhangela kwenziwe.
- Abafundi ebebebhala bevela kwizikolo ezingenayo imali yesikolo ehlawulwayo kunye nabafundi abazali babo bebefake izicelo kwaye banikwa imvume kwintlawulo yemali yesikolo bayinyenyiselwe intlawulo ehlawulelwa ukukorekisha kwakhona kunye nokukhangela.

## Yintoni umsebenzi weencwadi zokusebenzela?

Zinika umfundi ngamnye amaphetshana okusebenzela ukuba aziqhelansie nezakhono zolwimi kunye nezokubala abazifundiswe eklasini. Kwakhona enzelwe ukuba ancede ootitshala bafumanise ukuba umfundi ngamnye uqhubela phambili kuba kufuneka bakhangele umsebenzi obhaliweyo wabafundi ukuze utitshala akwazi ukunika inkxaso engaphaya ukuba ngaba umfundi uyayidinga.

## Ingaba iincwadi zokusebenzela zingena endaweni yeencwadi zezikhokelo?

Hayi. Ezi zenzelwe ukuba zisebenze kunye neencwadi zezikhokelo. Abafundi kufuneka babhale kwiincwadi zabo zokusebenzela kodwa akufuneki ukuba babhale kwiincwadi zabo zesikhokelo kuba iincwadi zesikhokelo kufuneka zibuyiselwe esikolweni ekupheleni konyaka. Iincwadi zokusebenzela zongela utitshala ixesha ekubeni abhale imisebenzi ebhodini kwaye alungise amaphetshana abo okusebenzela.

## Zeziphi iincwadi zokusebenzela ezifumanekayo ku-2011?

- Incwadi zokusebenzela zeLitheresi/ulwimi zamaBanga loku-1 ukuya kwelesi-6 ngazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni
- Iincwadiz okusebenzela zolwazi lokubala zifumaneka kumabanga eloku-1 ukuya kwelesi-3 ngazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni IsiNgesi nesiBhulu kumaBanga ele-4 ukuya kwelesi-6.

## Ingaba iincwadi zokusebenzela ziyakunika abafundi nyaka ngamnye?

Ewe. Urhulumente wenze uyilo lokuzisasaza ezi ncwadi zokusebenzelka nyaka ngamnye ukusukela ngo-2011.

Ukusukela ngo-2012, iincwadi zokusebenzela ziyakusasazwa kwakhona kubafundi bamaBanga elesi-7 ukuya kwele-9.

- Iincwadi zokusebenzela ziyakufumaneka kumaBanga elesi-7 ukuya kwele-9 ngesiNgesi nesiBhulu.
- Iincwadi zokusebenzela zoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ziyakwenziwa zifumaneke ngesiNgesi ukusukela kumaBanga eloku-1 ukuya kwele-9.
- Inguqulelo yoMbhalo wamaQhuqhuva yazo zonke iincwadi iyakufumaneka ngo-2012 kwabo bafundi banokungaboni.
- Izikhokelo zootitshala kwincwadi yomsebenzi nagnye nayo iyakukhutshwa.

## Ingaba umntwana wam angaya nayo ekhaya?

Ewe. Umfundi ngamnye kufuneka avunyelwe ukuba athathe aye nayo ekhaya incwadi yemisebenzi rhoqo. Iyakuba zezomntwana wakho iincwadi zemisebenzi. Oku kuthetha ukuba banokuya nazo ekhaya kwaye babhale kuzo.

# UMZEKELO WE-AJENDA

- Ulwamkelo
- Abazileyo kunye noxolo lwabangezanga – (irejista ezakugcinwa)
- Ukwamkelwa kwemizuzu yentlanganiso yangaphambili
- Imizekelo yemiba ekuza kuxoxwa ngayo
    - Ingaba bonke ootitshala bebefundisa kwaye abafundi befunda ukusukela kuSuku loku-1 lonyaka wesikolo?
    - Isimo sabasebenzi – Ingaba zonke izithuba zigcwaliswe ngokufanelekileyo kwaye ingaba zigcwaliswe kwangexesha?
    - Ingaba imathiriyeli yezixhobo zokufunda iziswe ngexesha?
    - Ingaba imathiriyeli yezixhobo zokufunda inikiwe abafundi?
    - Ukugcinwa jikelele kwesikolo – Ingaba ulungiso lwenziwe kwaye loluiphi ulungiso ekusafuneka ukuba lwenziwe kwaye lwenziwe ngubani?
    - Lithini inqanaba lokucoceka kwesikolo?
    - Ingaba inkxaso evela kwi-PED ifunyenwe ngexesha okanye akunjalo
    - Kuhlolwa njani ukuza kwabafundi esikolweni kwaye zeziphi izicwangciso ezisebenzayo zokuphucula isimo?
    - Kuhlolwa njani ukuza kwabafundi esikolweni ngootitshala kwaye zeziphi izicwangciso ezisebenzayo zokuphucula?
    - Kuhlolwa njani ukufika ngexesha kwabafundi kwaye zeziphi izicwangciso ezisetyenziswayo ukuphucula imeko?
    - Kuhlolwa njani ukufika ngexesha kootitshala kwaye zeziphi izicwangciso ezisetyenziswayo ukuphucula imeko?
- Ingxelo eya kwisithili
- ukuhlangansiwa koluntu
- Nawaphi na amanye amanqaku engxoxo
- Umhla wentlanganiso elandelayo

# IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

## IQELA LOLUNGELELANISO LE-QLTC LESIZWE

| INANI | IGAMA | IFANI | I-IMEYILE | UQHAGAMSHELWANO |
|---|---|---|---|---|
| 1 | THULA | NKOMO | nkomo.t@dbe.gov.za | Tel: 012 357 3833<br>Cell: 083 549 2571 |
| 2 | MALOSE | KUTUMELA | kutumela@dbe.gov.za<br>malosek.qltc@gmail.com | Tel: 012 357 3845<br>Cell: 082 886 1637 |
| 3 | DAVE | BALT | balt.d@dbe.gov.za<br>daveb.qltc@gmail.com | Tel: 012 357 3844<br>Cell: 083 450 5555 |
| 4 | MAMIKI | MODIYE-MASELWA | modiye-maselwa.m@dbe.gov.za<br>mamiki.qltc@gmail.com | Tel: 012 357 3842<br>Cell: 082 966 0663 |
| 5 | SIPHOKAZI | ZOKWANA | zokwana.s@dbe.gov.za | Tel: 012 357 3858<br>Cell: 082 876 6153 |
| 6 | MOPHOTO JAKE | WA TLADI | tladi.j@dbe.gov.za | Tel: 012 357 3174<br>Cell: 074 188 4452 |

## AbaLungelelanisi bamaPhondo be-QLTC

| IPHONDO | IFANI | I-IMEYILE | UQHAGAMSHELWANO |
|---|---|---|---|
| Mpumalanga | J NSIBANDE | j.nsibande@education.mpu.gov.za | Tel: 013 765894<br>Cell: 082 512 8568 |
| Limpopo | M MULAUDZI | mulaudzia@edu.limpopo.gov.za | Tel: 015 290 9420<br>Cell: 079 511 8494 |
| Free State | T MOTSOENENG | motosenengt@edu.fs.gov.za | Tel: 051 404 8084<br>Cell: 083 847 4535 |
| Northern Cape | B WHITE | bwhite@ncpg.gov.za | Tel: 053 839 6356<br>Cell: 071 422 1810 |
| KwaZulu-Natal | BP MSIMANGO | peggy.msimanngo@kzndoe.gov.za | Tel: 033 846 5141<br>Cell: 083 657 1135 |
| Western Cape | R LARNEY | redewan.larney@pgwc.gov.za | Tel: 021 467 2337<br>Cell: 083 290 7309 |
| Eastern Cape | M SANQU | monde.sanqu@edu.ecprov.gov.za | Tel:<br>Cell: 083 324 4409 |
| North West | I MOLALE | imolale@nwpg.gov.za | Tel: 018 397 3000<br>Cell: 082 807 1828 |
| Gauteng | S NGWANE | sabelo.ngwane@gauteng.gov.za | Tel: 011 333 5546<br>Cell: 083 411 5873 |

